**IMBULAMBETHE**

NgoNovemba 2009, uRhulumente weNtshona Koloni wakhupha isicwangciso sobuchule sezemfundo 2010 – 2019.

Eyona njongo yongameleyo yesi sicwangciso kukuphucula iziphumo zokufunda kweli phondo. Ngokukhethekileyo, ukugxininisa kwithuba lika-2010 ukuya ku-2019 kukuphucula izakhono zokufunda, ezokubhala nezokubala zabafundi, ukwandisa inani labafundi ababhala nabapasa iBakala 12 nokuhlisa inani lezikolo eziqhuba kakubi.

Ukususela ngo-2009 kubekho ukuphucuka komgangatho okubonakalayo kwezi nkalo. Nakuba kunjalo, siyaqonda kakuhle ukuba ezi zinjongo zethuba elide yaye kunokufikelelwa kuzo ngokupheleleyo ngamaphulo ongenenelelo ngoncedo anokugcinakala najolise kwiinjongo ezithile.

Kwithuba elisusela ku-2015-2019 kuya kuqhutyekwa neenjongo eziphambili zokuphucula inqanaba lolwimi nelemathematika kuzo zonke izikolo nokwandisa inani nomgangatho wokupasa kwabafundi kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke. Siya kuqhubeka nokwandisa umgangatho wemfundo ebonelelwa kubahlali abahlelelekileyo.

Ukwenzela ukunika inkxaso ukufikelela kwezi njongo, iSebe IWCED licacise ezi nkalo eziliqela esinokugxininisa kuzo nesingathanda ukuziphucula. Ugxininiso olungamandla luya kuba sekwandiseni ufikelelo kwi-*Information Technology* nezibonelelo ezikwikhompyutha (*online resources*) zabafundi, ootitshala nabasebenzi bezolawulo.

Ezinye iinkalo zibandakanya ulawulo lweenkonzo olugqwesileyo, ukuqulunqwa kwesicwangciso sophuhliso (*development plan*) sootitshala nezinye izicwangciso zovavanyo ezininzi, ulawulo lwezikolo oluphuculweyo nokubonelelwa kwezikolo ngezibonelelo ngokweemfuno zazo.

ISebe i*WCED* liya kufaka igalelo ekuphuculeni inkxaso yezentlalo kulutsha neyezemali kwizikolo ezizimeleyo ezenzela abafundi iinkonzo abaphakathi kwabahlali abahluphekileyo.

Kubalulekile ukuba sinike inkxaso yaye sibonelele ngononophelo nangamathuba kwabo bafundi banezithintelo ekufundeni, abaziphethe kakubi okanye abo basengozini, kwakunye nokuba kuphuculwe ufikelelo nomgangatho wemfundo kwiBakala R. Sikwakhuthaza namathuba awandisiweyo kwiinkalo zobugcisa ii-*technical and vocational arena*, ezizinkalo ezifuneka ngamandla ekukhuleni koqoqosho. Ukwakha izikolo ezitsha nokutshintsha ezinye izikolo kuya kuqhutyekwa nako njengenkalo emakugxininiswe kuzo njengoko uxinzelelo luye luqhubeka ukuba ngamandla kweli Phondo ngenxa yabafundi abafudukela kulo.

Ukongeza kwezi nkalo kugxininiswa kuzo, sizimisele ukwenza iziko lethu libe lelinenkathalo ngakumbi, elinolwazi nelinezicwangciso zokunika inkxaso izikolo, ootitshala nabafundi.

Ndijonge ngethemba ukusebenzisana nani ukuphucula ngakumbi umgangatho wezemfundo nobomi babantwana bethu nootitshala kweli phondo.

**IBhunga leSigqeba leSebe leMfundo leNtshona Koloni**

**Ukunikezelwa koxwebhu ngokusemthethweni**

Oku kukuqinisekisa ukuba isiCwangciso soBuchule (*Strategic Plan*):

Saqulunqwa ngababaphathi beSebe leMfundo leNtshona Koloni phantsi kwesikhokelo soMphathiswa soMphathiswa D Schäfer.

Sithathela ingqalelo yonke imigaqo-nkqubo, imithetho nezinye izigunyaziso eziluxanduva lweSebe leMfundo leNtshona Koloni

Sibonisa ngokuchanekileyo iinjongo zobuchule (*strategic goals*) neenjongo iSebe leMfundo leNtshona Koloni eliya kuzimisela ukufikelela kuzo kweli thuba lika- 2015 - 2019.



**L Ely**
**IGosa lezeMali eliyiNtloko**



**A Schlebusch**
**[IGosa eliyiNtloko elijongene nezoCwangciso]**



**PA Vinjevold**
**IGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali**
**Sivunywe ngulo :**



**D Schäfer**
**OneGunya loLawulo**

**IZIQULATHO**

**ICANDELO A: INKCAZO YESICWANGCISO SOBUCHULE**

1. Umbono. ........ 1

2. Eyona njongo iphambili ........ 1

3. Iimfundiso eziziseko ........ 1

4. Imithetho nezinye izigunyaziso ........ 1
   4.1 Izigunyaziso zomgaqo-siseko ........ 1
   4.2 Izigunyaziso zemithetho ........ 2
   4.3 Izigunyaziso zemigaqo-nkqubo ........ 4
   4.4 Izigqibo (*rulings)* zeenkundla ezichaphazelekayo ........ 5
   4.5 Amaphulo emigaqo-nkqubo acwangcisiweyo ........ 7

5. Inkcazelo yemeko yokuqhubekayo ........ 7
   5.1 Imeko engqonge uKwenziwa kweeNkonzo ........ 16
   5.2 Imeko engqonge iSebe ........ 23
   5.3 Inkcazo yeenkqubo zezicwangciso zobuchule ........ 23

6. Iinjongo zobuchule zesebe ........ 24


**ICANDELO B: IINJONGO EZICWANGCISWE NGOBUCHULE (STRATEGIC OBJECTIVES)**

7. *IProgram 1: Ezolawulo* ........ 25
   Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule *(strategic objectives*) ........ 26
   Ukuthathelwa ingqalelo kwezibonelelo ........ 28
   Ulawulo lwenkcitho eyilahleko (*Risk management*) ........ 31

   *Iprogram 2: Izikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo* ........ 32
   Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule *(strategic objectives)* ........ 33
   Ukuthathelwa ingqalelo kwezibonelelo ........ 37
   Ulawulo lwenkcitho eyilahleko (*Risk management)* ........ 41

   *Iprogram 3 : Iinkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo* ........ 42
   Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule (*strategic objectives)* ........ 42
   Ukuthathelwa ingqalelo kwezibonelelo ........ 42
   Ulawulo lwenkcitho eyilahleko (*Risk management)* ........ 44

   *Iprogram 4: Imfundo yeSikolo esineeMfuno eziZodwa sikaRhulumente* ........ 45
   Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule (strategic objectives) ........ 46
   Ukuthathelwa ingqalelo kwezibonelelo ........ 46
   Ulawulo lwenkcitho eyilahleko (*Risk management*) ........ 50

   *IProgram 5 : UPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo uKufunda* ........ 51
   Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule (strategic objectives) ........ 52
   Ukuthathelwa ingqalelo kwezibonelelo ........ 52
   Ulawulo lwenkcitho eyilahleko (Risk management) ........ 55

   *IProgram 6: UPhuhliso lweZiseko (Infrastructure Development)* ........ 56
   Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule (strategic objectives) ........ 56
   Ukuthathelwa ingqalelo kwezibonelelo ........ 57
   Ulawulo lwenkcitho eyilahleko (*Risk management*) ........ 59

   *Iprogram 7 : Iinkonzo zoViwo nezeMfundo eziNxulumene nazo* ........ 60
   Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule (*strategic objectives)* ........ 61
   Ukuthathelwa ingqalelo kwezibonelelo ........ 61
   Ulawulo lwenkcitho eyilahleko *(Risk management)* ........ 64

## ICANDELO A: INKCAZO YESICWANGCISO SOBUCHULE

### 1. Umbono

Ukudala amathuba amahle omntu wonke ngokuphucula iziphumo zokufunda.

Oku kunokubonakaliswa kukufikelela kwezi njongo zintathu zongameleyo:

1. Ukuphucula umgangatho kwinqanaba lolwimi nemathematika kuzo zonke izikolo
2. Ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukwandisa umgangatho wemfundo ebonelelwa kubahlali abahlelelekileyo

### 2. Eyona njongo iphambili

Ukubonelela ngemfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi kwiphondo ngokwenza oku kulandelayo:

- Ucwangciso nolawulo jikelele lwenkqubo yemfundo iphela
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo
- Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa
- UPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo ukuFunda (ECD) kwiBakala R
- Amathuba oqeqesho olwenzelwa ootitshala
- Iprogram yokutya ethagethiweyo namanye amanyathelo okunciphisa ubuhlwempu nawokhuseleko
- Ukunika inkxaso ootitshala ngokubonelela ngezona meko zengqesho ziphambili, ngezikhuthazi (*incentives)* nangeprogram yempilo-qete yabaqeshwa

### 3. Iimfundiso eziziseko

- Ukubaluleka kakhulu komfundi
- Iimfundiso ezisisiseko zoMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika noMqulu waMalungelo oLuntu
- Ukwenza umsebenzi ogqwesileyo ngokuthi kubonelelwe yaye kunikwe inkxaso abasebenzi abangootitshala, abaxhotyiswe ngokwenene, abanenkqubela, abaqeqeshiweyo nabazinikeleyo emsebenzini wabo.
- Ukwazi ukuphendula kwabo baphetheyo ngoxanduva lwabo nokwenzela izinto elubala
- Intembeko nokugqwesa kwimisebenzi yolawulo nakuleyo enika inkxaso

### 4. Imithetho nezinye izigunyaziso

#### 4.1Izigunyaziso zomgaqo-siseko

ISiqendu 29 ***soMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996, (Republic of South Africa, 1996)***, sibonelela ngokuba wonke ubani unelungelo lemfundo esisiseko kubandakanywa nemfundo yabantu abadala; wonke ubani unelungelo lokufumana imfundo ngolwimi lwaseburhulumenteni okanye ngolwimi alukhethayo kumaziko emfundo oluntu apho kunokwenzeka oku ngokusengqiqweni, nokuba wonke ubani unelungelo lokuseka nokulondoloza ngeendleko zakhe, amaziko emfundo azimeleyo angacaluliyo ngokobuhlanga, abhalisiweyo kurhulumente, nokulondolaza imigangatho engekho ngaphantsi kwemigangatho kumaziko emfundo karhulumente onokuthelekiswa nawo.

Urhulumente nawo onke amaziko karhulumente, anoxanduva lokuhlonipha onke amalungelo angundoqo, amiselwa ngumthetho ngokwesiqendu 7(2) soMgaqo-siseko ukukhuthaza nokuzalisekisa amalungelo acaciswe kuMqulu waMalungelo kwiSahluko 2.

**4.2Izigunyaziso zemithetho**

ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED)*, njengeziko likarhulumente, lizalisekisa iimfanelo ezizinyanzelo (*obligations)* eziyimisebenzi enikwe lona ngabo basemagunyeni okuwisa umthetho bagunyaziswe kuMgaqo-siseko yipalamente nazizindlu zowiso-mthetho zamaphondo *(provincial legislatures)* ukulawula imfundo kuwo onke amanqanaba kungabandakanywangwa imfundo yasemva kwematriki/kwebakala 12 (*excluding tertiary education*) (ICandelo A yeShedyuli 4 kuMgaqo-siseko). Le mithetho ilandelayo inika ingcaciso:

***UMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (UMthetho 84 ka-1996)*** usebenza kuyo yonke imfundo yezikolo kwiRiphabliki yoMzantsi Afrika, yaye eyona njongo icaciswa ngokuphandle kukuqinisekisa ilungelo lomgaqo-siseko lokufumana imfundo. Ngokuxhomekeke kulo Mthetho, nawo nawuphi omnye umthetho wephondo osebenzayo, umzali ngamnye makenze umntwana ngamnye anoxanduva lwakhe ahambe isikolo ukususela kusuku lokuqala lonyaka umfundi ololu hlobo afika kubudala beminyaka esixhenxe de kube lusuku lokugqibela lonyaka umfundi aya kufika ngawo kubudala beminyaka elishumi elinesihlanu okanye ibakala lesithoba, nokuba yeyiphi na eyenzeke kuqala kwezi. Lo Mthetho ucacisa naluphi na uhlobo localulo, ukhangela indlela yokuqubisana nezenzo zentswelo-bulungisa zethuba elidlulileyo ekubonelelweni kwemfundo nokubonelela ngemfundo yomgangatho ophezulu ngokuqhubekekayo kubo bonke abafundi.

Ngokwalo Mthetho, mathathu amaqela ongameleyo okwenzeka ezikolweni:
i) Urhulumente kazwelonke omelwe nguMphathiswa weMfundo esiSiseko onendima ephambili ikukumisela umgaqo-nkqubo kazwelonke, ngokuxhomekeke kwimigaqo yoMgaqo-siseko, imigaqo yoMthetho nokuthathela ingqalelo abasemagunyeni bendlu yowiso-mthetho yephondo;
ii) Urhulumente wephondo esebenza njongoMphathiswa wezeMfundo wePhondo. UMphathiswa unoxanduva olusisinyanzelo lokubonelela izikolo zikarhulumente, kunye neNtloko yeSebe, esebenzisa igunya lolawulo kwizikolo zikarhulumente ngokusebenzisa iinqununu; kunye
iii) nabazali babafundi namalungu angabahlali balo ndawo isikolo sikuyo yaye bamelwe libhunga lolawulo elisebenzisa ngokuzimeleyo (*autonomy)* kwimisebenzi eliqela yezikolo.

Kuya qhutyekwa nokwenziwa kwezilungiso kulo Mthetho ngeMithetho ***Basic Education Laws Amendment Acts*** njengoko kuyimfuneko ngamaxesha ngamaxesha.

Ngokuxhomekeke kuMgaqo-siseko noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, u***Mthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni (uMthetho 12 ka-1997) (Western Cape Provincial School Education Act), 1997 (Act 12 of 1997)***, umisela ukuba imfundo ezikolweni kwiphondo leNtshona Koloni ithweswe uMphathiswa wePhondo yaye ilawulwa liSebe leMfundo leNtshona Koloni. Lo Mthetho uvumela amagunya kaMphathiswa wePhondo (*Provincial Minister powers)* okumisela umgaqo-nkqubo wemfundo kwiphondo, ngokuxhomekeke kwimigqaliselo ethile, nezinye iigranti kuMphathiswa wePhondo neNtloko yeSebe, igunya kumabhunga olawulo ukongeza kumagunya abelwe wona ngulo Mthetho kuMphathiswa wePhondo nakwiNtloko yeSebe.

***UMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelonke, 1996, (uMthetho 27 ka-1996) ( National Education Policy Act, 1996 (Act 27 of 1996))***, ubonelela ngemimiselo yomgaqo-nkqubo wemfundo kazwelonke yokucwangcisa, ukubonelelwa, ukubonelela ngemali, uququzelelo, ulawulo, ukuphathwa, iiprogram, ukubekwa esweni, uvavanyo nempilo-qete yenkqubo yemfundo nguMphathiswa, ngokuxhomekeke kumagunya ezindlu zowiso-mthetho zamaphondo (*provincial legislatures*) ngokwesiqendu 146 soMgaqo-siseko, imigqaliselo edweliswe kwisiqendu 4 salo Mthetho, nemigqaliselo echaphazelekayo yemithetho yephondo enxulumene nezemfundo.

Ikwabonelela ngakumbi ngezitrakstha zothethathethwano (*consultative structures*) ukwenzela ukumiselwa komgaqo-nkqubo wemfundo kazwelonke nemithetho nge-*Council for Education Ministers (CEM*), ii-*Heads of Education Departments Committee (HEDCOM*), namanye amaqumrhu othethwano ngayo nayiphi na imiba uMphathiswa enokuyiqaphela njengoko kuchaziwe kwisiqendu 11 salo Mthetho nalapho kufanelekileyo, iBhunga lezoBudlelane eMsebenzini *(Labour Relations Council)*.

***UMthetho weNgqesho yooTitshala, 1998 (uMthetho 76 ka-1998) (Employment of Educators Act, 1998 (Act 76 of 1998))***, usebenza ekuqeshweni kootitshala kwizikolo zikarhulumente nakwii-ofisi zamasebe, yaye ubonelela ngokubalwa kwemivuzo nezinye iimeko zezengqesho zootitshala nguMphathiswa weSebe leMfundo esiSiseko, ngokuxhomekeke kuMthetho wezoBudlelane eMsebenzini (*Labour Relations Act)* okanye nasiphi na iSigqibo soThetha-thethwano neMibutho yaBasebenzi (*Collective Agreement*) ezigqitywe libhunga i-*Education Labour Relations Council* ne-*Personnel Administrative Measures (PAM)*.

***UMthetho weBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika, 2000 (uMthetho 31 ka-2000) (South African Council for Educators Act, 2000 (Act 31 of 2000)***, ujongene nobhaliso lootitshala kumsebenzi wokufundisa kunye ne*Bhunga looTitshala laseMzantsi Afrika (South African Council for Educators (SACE)*, yaye ukwabonelela ngokukhuthazwa ukuphuhliswa nokomelezwa komsebenzi wokufundisa kwakunye nokumisela i-*Code of Professional Ethics* kootitshala ukukhusela isidima somsebenzi wabo ngokuqhubekekayo.

ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) likwaxhomekeke:

i) ***kuMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994, (uMthetho 104 ka-1994) (Public Service Act, 1994 (Proclamation 104 of 1994))***, ojongene nokucwangciswa nolawulo lwenkonzo karhulumente yeRiphabliki kwakunye nokulawulwa kweemeko zezengqesho, amathuba okubasesikhundleni, ukuziphatha, umhlalaphantsi nokukhutshwa kwamalungu kwinkonzo karhulumente;

ii) ***UMthetho woLawulo lwezeMali kaRhulumente, 1999, (uMthetho 1ka-1999) (Public Finance Management Act, 1999 (Act 1 of 1999))***, usebenza kumasebe, kumaqumrhu karhulumente adweliswe kwiShedyuli 2 okanye 3, amaziko ii-*constitutional institutions* nee-*provincial legislatures* ngokuxhomekeke kwisiqendwana 3(2) salo Mthetho, yaye ulawula ukuphendula ngokuqhubekayo, ukwenzela izinto ekuhleni nolawulo olusemgangathweni lwengeniso, inkcitho, ii-asethi namatyala amaziko adweliswe kwisiqendu 3 soMthetho, kwaye ukwaqulethe imisebenzi yabantu ababelwe umsebenzi wolawulo lwezemali.

***UMthetho i-Promotion of Administrative Justice Act [PAJA], 2000 (Act 3 of 2000)*** noMthetho ***Promotion of Access to Information Act [PAIA], 2000 (Act 2 of 2000)***, ibalulekile njengezixhobo zomthetho yaye isebenza, kwimeko ye-***PAJA***, isebenze nakuyo yonke imithetho yolawulo eyenziwa ngabakulawulo kurhulumente nechaphazela amalungu oluntu. Ngokukodwa, lo Mthetho ujongene neemfuno ezimiselweyo zobulungisa kwezomthetho ukuba izigqibo zezolawulo ezichaphazela umntu (isiqendu 3) okanye uluntu (isiqendu 4), izizathu zenyathelo

lolawulo nezizathu zomthetho zokujongana noku *(judicial review)* (iziqendu 5 no-6). I-***PAIA*** kwelinye icala ijongene nesiqendu 32 soMgaqo-siseko, malunga nelungelo lokufikelela kwingcaciso 'iirekhodi' ezigcinwe ngurhulumente nangamaqumrhu abucala afana nawo onke amaxwebhu, iirekhodingi nezinto ezibonwayo (*visual material*), kodwa ayisebenzi ngethuba lamatyala embambano namatyala esizi (*civil and criminal litigation)*.

Makuqwaselwe ukuba i-*Further Education and Training,* ne-*Adult Education and Training* ngoku ziwela kwiSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho (*Department of Higher Education and Training)* emva kweZilungiso kwimithetho esebenzayo, ngakumbi i-***Higher Education and Training Laws Amendment Act, 2010 (Act 25 of 2010)*** ne-***Further Education and Training Colleges Amendment Act, 2012 (Act 3 of 2012)***. I-***Further Education and Training Colleges Amendment Act, 2013 (Act 1 of 2013),*** nazo zinike ngaphezulu ingcaciso ngegama "iikholeji" nelibhekisa ngoku kwikholeji eyi-*technical and vocational education* and training college okanye ikholeji eyi-*community education and training college*. Oku kufakele izilungiso kuMthetho ***Adult Education and Training Act, 2000 (Act 52 of 2000*)**, otshitshisiweyo ngokupheleleyo.

**4.3 Izigunyaziso zemigaqo-nkqubo**

Esi sigunyaziso somgaqo-nkqubo nemithetho yesebe siya kuqhubeka ukukhokelwa yile migqaliselo ilandelayo:

- INkcazo yeKharityhulam kaZwelonke (*National Curriculum Statement*) yamaBakala R-12, nequlethe oku kulandelayo:
  - *Curriculum and Assessment Policy Statements for all approved subjects for Grades R – 12*
  - Uxwebhu lomgaqo-nkqubo, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R – 12*
  - *The National Protocol for Assessment Grades R – 12*
- I-*National Norms and Standards for School Funding, 2011.*
- IMimimiselo neMigangatho yooTitshala kaZwelonke (*National Norms and Standards for Educators*), 2000
- IMimiselo *Regulations Relating to Minimum Uniform Norms and Standards for Public School Infrastructure,* ye-29 Novemba 2013.
- *UMgaqo-nkqubo i-Language in Education Policy, 1997.*
- *UMgaqo-nkqubo i-National Policy on Religion and Education, 2003.*
- *UMgaqo-nkqubo i-National Policy on HIV/AIDS for Learners and Educators at Public Schools and Students and Educators in Further Education and Training Institutions, 1998.*
- *UMgaqo-nkqubo i-National Policy regarding Further Education and Training Programmes: Approval of Amendments to the programme and promotion requirements for the National Senior Certificate: A Qualification at Level 1 on the National Qualifications Framework (NQF), April 2007.*
- *IMimiselo Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of Assessment for the National Senior Certificate, Government 29 August 2008.*
- *I-Addendum to FET Document, National Curriculum Statement on the National Framework Regulating Learners with Special Needs, 11 December 2006.*
- UMgaqo-nkqubo i-*National Policy for an Equitable Provision of an Enabling School*
- *UMgaqo-nkqubo* i-*National Policy for an Equitable Provision of an Enabling School Physical Teaching and Learning Environment 21 November 2008*

- *I-National Policy for Whole School Evaluation, July 2001.*
- *I-National Framework for Teacher Education and Development in South Africa, 26 April 2007.*
- *I-Requirements for Administration of Surveys, 2 April 2007.*
- *I-National Education Information Policy, 2004.*
- *UMgaqo-nkqubo i-Policy on the organisation, roles and responsibilities of education districts, 10 April 2013.*
- *UMgaqo-nkqubo ongoKuhamba kwaBafundi iSikolo (Policy on Learner Attendance), 4 May 2010.*

### 4.4 *Izigqibo (rulings*) zeenkundla ezichaphazelekayo

Kutshanje, amatyala amathathu amalunga namagunya esebe lemfundo lephondo ngokumalunga nemigaqo-nkqubo eyamkelwe ngamabhunga olawulo esikolo. Oku kubhekiselele koku: ***INtloko yeSebe, iSebe leMfundo, i-Free State Province v Welkom High School noMnye; INtloko yeSebe, ISebe leMfundo, i-Free State Province v Harmony High School and Another* [2013] *ZACC 25*, neNtloko yeSebe, iSebe leMfundo, I-Mpumalanga *Department of Education and Another v Hoërskool Ermelo and Another* [2009] ZACC 32; 2010 (2) SA 415 (CC); 2010 (3) BCLR 177 (CC)**. Ezi zigwebo zenkundla ii-*Constitutional Court judgments* zavunywa kamva kwayile nkunldla inye, ngu***MEC we-Education v Gauteng Province and Others v Governing Body of Rivonia Primary School and Others* (CCT 135/12) [2013] ZACC 34**, nemigqaliselo yomthetho ebangelwe zezi zigwebo, zinokushwankathwelwa ngolu hlobo:

- Apho uMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika unika igunya ibhunga lolawulo limisele umgaqo-nkqubo kumba othile wokusebenza kwesikolo (*school functioning*), intloko yesebe okanye elinye isebe likarhulumente (*other government functionary*) alinako ukuwukhaba lo mgaqo-nkqubo uvunyiweyo okanye lenze okuchasene nawo. Kodwa oku akuthethi kuthi amagunya ebhunga lolawulo lesikolo akasikelwanga mida, nokuba umgaqo-nkqubo awunakuphazanyiswa lungenelelo ngoncedo okanye umgaqo-nkqubo uyimbophelelo engenakutshintshwa *(immune to intervention)* nakwabanye abenzi-zigqibo kuzo zonke iimeko.
- Igosa elenza umsebenzi linokungenelela ngoncedo kwindima yokwenza imigaqo-nkqubo yebhunga lolawulo lesikolo okanye lingathathi nyathelo kuphela xa igosa elenza lo msebenzi linelungelo lokwenza oko ngokwamagunya elinawo ngokoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika okanye eminye imithetho echaphazelekayo.
- Apho kuyimfuneko ukungenelela ngoncedo igosa ke ngoko malithathe amanyathelo ngokusengqiqweni nangendlela enobulungisa esemthethweni.
- Igosa elenza lo msebenzi nebhunga lolawulo lesikolo banyanzelekile ngokusemthethweni ukuba baxoxe ngayo nayiphi na ingxabano ngomoya omhle ngazo naziphi na iimpikiswano ezimalunga nemigaqo-nkqubo eyamkelweyo libhunga lolawulo lesikolo ngenjongo yokulungiselela iimfuno zabafundi.
- Imbopheleleko kula maqela acaphazelekelayo (*duty on the parties*) (ibhunga lolawulo nesebe lemfundo lephondo) kukuba asebenzisane yaye azame ukufikelela kwisisombululo semvisiswano esinovakalelo malunga nezona zinto zimlungiselela ngeyona ndlela ibhetele umntwana, nokuba iNtloko yeSebe lihlala ligcine igunya eliphezulu elongamele ukuphunyezwa kwezigqibo zokwamkelwa kwabafundi zizikolo zikarhulumente kwiphondo.
- INkundla ePhakamileyo yeziBheno yaseMzantsi Afrika (*Supreme Court of Appeal of South Africa)* yawisa isigwebo sokuba ngowe-9 Disemba 2014 kwityala elaliphakathi

kukaMphathiswa weSebe leMfundo ngowe-17 Novemba 2014 neSebe leMfundo leNtshona Koloni ne-***Beauvallon Secondary School*** **neBhunga loLawulo nezikolo eziyi-16 ezinye** malunga nokuvalwa kwezi zikolo phantsi ko- s 33 kuMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996). Kwaxoxwa ngokumalunga nesibheo kwathiwa isigqibo sokuvala izikolo asinako ukuqwalaselwa kwakhona phantsi kwemigqaliselo ye-*Promotion of Administrative Justice, 2000 (Act 3 of 2000) (PAJA)* ecacisa ukuba ekuvaleni isikolo, uMphathiswa ebengenzanga msebenzi wezolawulo koko wenze umsebenzi wegunya eliphezulu *(executive function*) nongenako ukujongisiswa kwakhona phantsi kwe- *PAJA*.

Ekuqwalaseleni lo mba inkundla yajonga inkcazo yenyathelo lolawulo elicaciswe kwi-*PAJA* yaza yafumanisa ukuba iingcaciso-magama ezinjalo ziqingqekile kakhulu yaye kunzima kakhulu ukuzilandela yaye zintsonkothile, yagweba ngokuthi eli nyathelo linokujongisiswa phantsi kwe-*PAJA*.

Isibheno sikaMphathiswa weSebe leMfundo weNtshona Koloni neSebe leMfundo leNtshona Koloni saphumelela. INkundla yagqiba ukuba ubunjani bezizathu ezichazwe ku-s 33(2), zanele ngokumalunga nokuvalwa kwezikolo yaye zanele nezo zizathu zitsha zithi zivele ngethuba leengxoxo. Ngaphezulu iNkundla ePhakamileyo yeZibheno (*Supreme Court of Appeal)* yagweba ngelithi akumelwe kuthethwane ne-*South African Democratic Teachers Union* phambi kokuba kuvalwe izikolo. Inkundla yagqiba ukuba uMphathiswa uthathe amanyathelo ngokumalunga noMthetho. Akukho nto kulo Mthetho ithi makuthethwane ne-*SADTU* xa kuvalwa izikolo. Uthethwano ne-*SADTU*, okanye nawuphi omnye umbutho wemanyano yabasebenzi enokumela ootitshala okanye amanye amalungu angabasebenzi esikolweni, asiyimfuneko imiselweyo icaciswe kwi-s 33 ongumqathango ongaphambili omawuthotyelwe (*prerequisite*) ekuvalweni kwesikolo.

Izikolo eziyi-14 ezazijamelene nokuvalwa emva kwesi sigwebo seNkundla nge-9 Disemba 2014, zenza isicelo kwiNkundla yoMgaqo-siseko sokuchasa isigqibo seNkundla ePhakamileyo malunga nokuvalwa kwezi zikolo. Ngenxa yesi sizathu izikolo zasamkelwa isigqibo sokuba uMphathiswa weMfundo wePhondo makayiqale inkqubo yokuvala izikolo. Njengenxalenye yoku izikolo zavuma ukurhoxisa izicelo zazo zokukhaba isibheno seNkundla ePhakamileyo. Kwacetyiswa ngale ndlela ngenxa yobungakanani bexesha elithe lagqitha ukususela kwisigqibo esiyintsusa sokuvala izikolo nangenxa yokungaqiniseki okunokubangelwa yenye inkqubo yokufaka isibheno kwiNkundla yoMgaqo-siseko okunokuchaphazela ezi zikolo nefuthe loko eliya kuchaphazela abafundi abakuzo. Imvumelwano ekwafikelelwa kuyo phakathi kwamaqela amabini yathetha ukuba isebe liya kuqinisekisa ukuba kuya kwenziwa oko kulungiselela abafundi ngeyona ndlela ibhetele nokuba imeko yesikolo ngasinye iya kuthathekwa ingqalelo phambi kokuba kuthathwe izigqibo ezizezinye. Izikolo eziyi-14 ezichaphazelekayo zezi : *Bergriver NGK Primary, Klipheuwel Primary, Bracken Hill EK Primary, Denneprag Primary. L.K. Zeeman Primary, Lavisrylaan Primary, Protea Primary, Redlands Primary, Rietfontein Primary, Rondevlei ELK. Primary, Unionskraal NGK Primary, Valpark Primary, Warmbad Spa Primary and Welbedacht UCC Primary.*

### 4.5Amaphulo emigaqo-nkqubo acwangcisiweyo

ISebe leMfundo leNtshona Koloni linenjongo yokwenza ezi nkqubo zemithetho nemigaqo-nkqubo zilandelayo kulo mjikelo wokucwangcisa umiyo:

***IMithetho***

- Ukujongisiswa koMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni (*Western Cape Provincial School Education Act*) ukwenzela ukuba ungqinelaniswe nezigqibo zemithetho, ezemigaqo-nkqubo nezenkundla zakutshanje.
- Ukuphunyezwa kwezilungiso kuMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika *(South African Schools Act*) ngoMthetho i-*Basic Education Laws Amendment Act*.

***IMimiselo***

- Imimiselo emalunga nemimiselo nemigangatho yeziseko zophuhliso ezingundogo nobungakanani bendawo yokufundela *(basic infrastructure and capacity*) kwizikolo zikarhulumente.
- Imimiselo emalunga neekhrayitheriya zokwamkelwa kwabafundi ezikolweni, iimodeli zenkxaso-mali nokuphathwa kwezikolo ezibonelela imfundo kwizikolo zokugxila.
- Imimiselo emalunga nokululeka, ukunqunyanyiswa nokugxothwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eNtshona Koloni, (*Provincial Gazette Extraordinary No. 6939).*
- Imimiselo emalunga novavanyo lwendlela *izikolo* eziqhuba ngayo, ootitshala nabafundi.
- Ukujongisiswa keMimiselo yeBhunga lezeMfundo.
- IMimiselo echaphazelekayo njengoko iqatshelwe wakuba uMthetho ofakela izilungiso kuMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni (*Western Cape Provincial School Education Amendment Bill)* uphunyeziwe.

***Imigaqo-nkqubo***

- Inkqubo-sikhokelo yolawulo kwenkqubo yokwamkelwa kwabafundi ezikolweni nokufakwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eNtshona Koloni (Eyangaphakathi).
- IMimiselo echaphazelekayo njengoko iqatshelwe wakuba uMthetho *Provincial Education Amendment Bill* uphunyeziwe.

***Izizathu zokujongisiswa kwayo yonke imigaqo-nkqubo neesetyhula***

ISebe leMfundo leNtshona Koloni kungokunje liqwalasela imigaqo-nkqubo neesetyhula kwithuba leminyaka engamashumi amabini (20) ukususela nge-1 Januwari 1995 ukuya kwi- 31 Matshi 2014, ngenkqubo yokujongisiswa nokungqinelaniswa kwayo. Ngeli thuba:.

- Iyi-131 imigaqo-nkqubo neesetyhula ezikhethelwe ukujongisiswa ngokusekelwe kwizalathi-nkqubela ezimiselweyo.
- Kuqatshelwe imigaqo-nkqubo neesetyhula eziyi-1 604 emazitshitshiswe.

### 5. Inkcazelo yemeko yokuqhubekayo

Esi siCwangciso se-*Five Year Strategic Plan* sizifake silungelana nezi meko ziqhubekayo zezicwangciso zobuchule ezikhulu (*macro strategies*) nezicwangciso zokwenziwa kweenkonzo (*delivery plans*.) Ezi zicwangciso zandlalwa kula makhasi alandelayo. Izicwangciso zimele inkqubo eneenkcukacha yokuqinisekisa ukuba onke amaphulo abekwe kwindlela eqinisekisa impumelelo. Imifanekiso eyandlalela le nkcazo inikiwe kwiinkcukacha ezizezinye ezilandela emva koko.

## PROVINCIAL PLANNING PARADIGM

One Cape 2040 (Economic Vision) Transition Goals: Primary change lever: Knowledge transition *(Educating Cape)*

Every person will have access to a good education that will ensure he or she is appropriately skilled for opportunity.

Working with parents and teachers to improve the learning and development environment of children

The Western Cape will enjoy a global reputation as a location of ecological, creative, scientific and social innovation excellence






# OVERARCHING PLANNING PARAMETERS

**National Development Plan**

**Schools:** provide all learners with excellent education; address low levels of reading, writing and numeracy as measured on local and international tests; set targets for improvement over the next 10 years in grades 3, 6, 9 and 12 in South African tests; improve our position in international rankings and increase retention in schools to 90%.

**All staff:** competency standards for all educator jobs; have competency assessments for entry and promotion purposes and provide training programmes for all.

**Teachers:** Teachers should be highly valued; have good subject knowledge; receive continuing professional development and be highly motivated. The proposal is that appointment and promotion of teachers should be the responsibility of government.

**Principals**: There should be competency tests for all principal appointments. Expertise should be the only criterion for appointing principals.

**Districts**: The state must clarify the roles and responsibilities of district offices in order to provide targeted support through identifying the reasons for under-performance. Offices should then provide "best practice" interventions.

**Parents**: Parents are involved in the education of their children and are given meaningful information to strengthen this role.

**Information**: Information should be accessible and useful to plan and monitor progress.

**Information Technology**: High-speed broadband should be available to support learning. **frastructure**: Basic infrastructure should be in place for all schools and all backlogs should be addressed.

**Language:** Decisions about language provision in schools needs to be informed by a greater appreciation of the labour market. The proposal is for high quality instruction in both mother tongue and English from an early age.

**Medium Term Strategic Framework (Practical implementation of NDP)**

Improved quality of teaching and learning through development, supply and effective utilisation of **teachers.**

Improved quality of teaching and learning through provision of adequate quality **infrastructure and Learning and Teaching Support Materials (LTSM).**

Tracking of **learner performance** through reporting and analysis of the Annual National Assessment (ANA) at Grade 3,6 and 9 level and improving ANA over time to ensure appropriate feedback to learners and teachers and to benchmark performance over time

Expanded access to **Early Childhood Development** and improvement of the quality of Grade R

Strengthening **accountability and improving management** at the school, community and district level.

**Partnerships** for education reform and improved quality

DBE

- *Action Plan to 2019* (27 goals)

- *Themes (6)*
- Focus on **quality and efficiency** of education
- **Communication** to communities
- Prioritised **teaching and learning**
- Strengthened **partnership** focuses
- Strengthened **inter-governmental** and interdepartmental mechanisms
- National Education Policy Act-monitoring and evaluation norms and standards, **impact evaluation**

- *Non-negotiables (10)*: **LTSM; Infrastructure; Districts; Teachers; ICT; Kha ri Gude; Library Services; Rural (school rationalization and transport); Curriculum (focus on MST, Technology and African Languages; Partners and social mobilization**

## 1. Inkqubo-sikhokelo yesiCwangciso soBuchule yeThuba eliPhakathi (MTSF)

Ngo-2012, iKhabinethi yamkela i-*National Development Plan (NDP),* emayisebenze njengoxwebhu oluyinqobo (*blueprint*) lophuhliso lwentlalo-qoqosho nokukhula koMzantsi Afrika engadlulanga u-2030. Ngokwamkelwa kombono wethuba elide nesicwangciso seli lizwe, kwaqaliswa indlela ekuya kujongwana ngayo nemingeni emithathu : intlupheko, ukungalingani nentswela-ngqesho.

Ikhabhinethi kazwelonke yamkele i-*Medium Term Strategic Framework (MTSF*) esisicwangciso sikarhulumente sokuphumeza i-*National Development Plan.* Esi sisikhokelo seeprayorithi eziphambili zikarhulumente nezicwangciso ekujoliswe kuzo yaye sisebenza njengesikhokelo esiyintloko ekucwangciseni nasekwabeni izibonelelo kuwo onke amacandelo karhulumente.

ISahluko sokuqala se-*MTSF* sivula ngokuthi: *"The NDP's vision for 2030 is that South Africans should have access to training and education of the highest quality, characterised by significantly improved learning outcomes".*

Iziphumo zeeprayorithi zezemfundo zeMTSF zezi :

1. Ukuphucula umgangatho wokufundisa nokufunda ngokuphuhliswa, ukubonelelwa nokusetyenziswa kootitshala.
2. Ukuphucula umgangatho wokufundisa nokufunda ngokubonelela ngeziseko zophuhliso neLTSM ezaneleyo nezikumgangatho ophezulu.
3. Ukulandelela ukuqhuba kwabafundi ngokunika ingxelo nangokucazulula ii-*Annual National Assessment (ANA*) kumaBakala 3, 6 no-9 nokuphucula umgangatho wee-*ANA* ekuhambeni kwexesha ukuqinisekisa ngenkcazo ngokuqhubekayo efanelekileyo kubafundi nakootitshala nokulinganisela intsebenzo ekuhambeni kwamaxesha.
4. Ufikelelo olwandisiweyo kuPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo *(Early Childhood Development*) nokuphucula umgangatho wemfundo yeBakala R.
5. Ukomeleza ukuba nokuphendula ngokuqhubekayo nokuphucula ulawulo lwezikolo ezikolweni, ekuhlaleni nakwisithili.
6. Amaqhumrhu entsebenziswano nezemfundo ukwenzela ukuphucula umgangatho wezemfundo.

Ezi prayorithi ziya kuqwalaselwa ngeenjongo nangamanyathelo athatyathwa liSebe i*WCED*. Ukugxininisa kwethu kule miba kuya kuba ngamandla njengoko iinkqubo nezalathi-nkqubela ziqala ukusebenza ngokwezigaba kwinqanaba lephondo nakwinqanaba likazwelonke, kwakunye nokuhlenga-hlengiswa kweebhajethi neemodeli njengoko kuyimfuneko.

Isiphumo ngasinye sineziphumo ezisekelayo, imisebenzi nezalathi-nkqubela ezinxulumene nazo nangona kungekabikho manani okwandlalela ngokumalunga noninzi lwazo. Loo imisebenzi iluxanduva lwephondo kwezo sele kukho amanyathelo esele siwathathile achazwe phantsi kwezihloko ezichaphazelekayo neethagethi sele zimiselwe ukwenzela izalathi-nkqubela ezinxulumene nazo.

### IsiCwangciso *Schooling 2030* neeNjongo eziyi-27

Isicwangciso sezemfundo eMzantsi Afrika *iSouth African education sector plan* siqulethwe kwi-*Action Plan 2019, towards Schooling 2025*. Isicwangciso siqulethe iinjongo eziyi-27. Eziyi-13 zokuqala zimalunga neziphumo zokufunda, yaye ezinye iinjongo eziyi-14 zimalunga nokuba

kunokufikelelwa njani kwezi ziphumo zokufunda. Eli lithuba lesibini leminyaka emi-5 kusetyenziswa ezi njongo. Zonke zigciniwe ukuze kuqhutyekwe nezicwangciso.

Iinjongo eziyi-27 ziqhagamshelaniswe **nezalathi-nkqubela**, **nakwiithagethi nezigaba** ezibalulekileyo zazo. Inani leenjongo liqingqiwe, izalathi-nkqubela zicaciswe gca yaye zinako ukulinganiselwa. Iithagethi mazibe 'ziindidi' yaye kufuneka ziziphucule iziphumo zokufunda ngakumbi nangakumbi. Zahlula-hlulwe ngokwamaphondo yaye mazingathathwa njengemida ekungenakudlulwa kuyo. Iithagethi zikazwelonke sele zimiselwe ngokubanzi kwithuba elide yaye izigaba zigxininisa ngokubanzi kwiziphumo ezinqwenelekayo *(desired achievements*) kwithuba eliphakathi (ukuya kwiminyaka emihlanu yethuba elizayo). Kumiselwe izigaba ezibalulekileyo zikazwelonke ukulungiselela iinjongo zentsebenzo 1-13. Akumiselwanga zigaba kwiinjongo 14 ukuya ku-27.

Iinjongo **zeziphumo zokufunda** zezi:

**1** ►Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 3 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala kwiBakala 3.

**2** ►Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 6 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lwemathematika kwiBakala 6.

**3** ►Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 9 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lwemathematika kwiBakala 9.

**4** ►Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abakufaneleyo ukungenela iprogram yesiDanga sokuQala eyunivesithi.

**5** ►Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abapasa *i-mathematika*.

**6** ►Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abapasa i-*physical science*.

**7** ►Ukuphucula umndilili *(average)* wokupasa kwabafundi beBakala 6 *kwiilwimi*.

**8** ►Ukuphucula umndilili (*average*) wokupasa kwabafundi beBakala 6 *kwimathematika*.

**9** ►Ukuphucula umndilili (*average*) wokupasa kwabafundi beBakala *8 kwimathematika*.

**10** ►Ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana bahlala beqhubeka ngokwenene nesikolo ubuncinane ukuya kunyaka abagqiba ngawo iminyaka eyi-15.

**11** ►Ukuphucula ukufikelela kwabantwana kwimfundo yophuhliso lwabantwana abasaqalayo ukufunda esemgangathweni (*ECD)* abangaphantsi kweBakala 1.

**12** ►Ukuphucula ukupasa kwabafundi nokugqithela kwamanye amabakala ukuqala kwiBakala 1- 9.

**13** ►Ukuphucula ukufikelela kolutsha kwiMfundo noQeqesho oluQhubelekayo (FET) ngaphaya kweBakala 9.

Iinjongo zokuba **kuya kufikelelwa** njani na kwiziphumo zokufunda ekuzezi:

**14** ►Ukugaya kunyaka ngamnye iqela elitsha lootitshala abasebatsha, abanomdla abaqeqeshwe ngokufanelekileyo ukuba bajoyine umsebenzi wobutitshala.

**15** ►Ukuqinisekisa ukubakho nosetyenziso lootitshala ngohlobo lokuba kuthintelwe ubukho beeklasi ezinamanani amakhulu.

**16** ► Ukuphucula ulwazi lomsebenzi nokwenza umsebenzi ngokuchubekileyo kootitshala (professionalism), izakhono zokufundisa *(teaching skills)* ulwazi ngezifundo *(subject knowledge)* nabanolwazi lokusebenzisa ikhompyutha kuyo yonke imisebenzi yabo yokufundisa.

**17** ►Ukwenza konke okusemandleni ukuqinisekisa ukuba abasebenzi abangootitshala (*teacher workforce*) baphile qete, banelisekile yaye bayawuthanda umsebenzi wokufundisa abawenzayo.

**18** ►Ukuqinisekisa ukuba abafundi bafikelela kuzo zonke izihloko nenkalo zezakhono ekufanele bazifunde kunyaka wesikolo oqhubekayo.

| |
|---|
| **19** ►Ukuqinisekisa ukuba umfundi ngamnye unako ukufikelela kweyona sethi ibubuncinane yeencwadi zezifundo nencwadi zomsebenzi (minimum set of textbooks and workbooks) ezifunekayo ngokomgaqo-nkqubo kazwelonke. |
| **20** ►Ukwandisa ukwazi ukufikelela kwabafundi kwiintlobo ngeentlobo zemidiya (range of media), kuqukwa neekhompyutha, eziphucula umgangatho wemfundo yabo. |
| **21** ► Ukuqinisekisa ukuba iinkqubo zolawulo ezisisiseko zonyaka (annual management processes) ziyaqhubeka kwizikolo zonke kweli lizwe ngendlela enegalelo nekhokelela kwisikolo esiqhuba kakuhle. |
| **22** ►Ukuphucula uthatho-nxaxheba lwabazali nabahlali kulawulo kwezikolo, ngokuphucula ukwazi ukufikelela kwingcaciso ebalulekileyo ngokusetyenziswa kwesicwangciso se-e-Education strategy. |
| **23** ► Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zixhaswa ngemali ngokwawona manqanaba asezantsi ngomfundi ngamnye nabalwa ngokwemimiselo kazwelonke nokuba imali isetyenziswa ngokungafihlisiyo nangendlela enentsingiselo. |
| **24** ►Ukuqinisekisa ukuba iziseko zophuhliso ezizizakhiwo zezikolo (physical infrastructure) nendawo engqonge isikolo ngasinye, ziyabakhuthaza abafundi ukuba bafune ukuza esikolweni yaye bafunde, nootitshala bafundise. |
| **25** ► Ukusebenzisa izikolo njengezixhobo zokukhuthaza ukwazi ukufikelela kwiindidi zeenkonzo zikarhulumente kwabafundi kwimiba efana nezempilo, ukunciphisa intlupheko, inkxaso yasengqondweni neyezentlalo (psychosocial support), ezemidlalo nezenkcubeko. |
| **26** ►Ukwandisa inani lezikolo eziwuphumeze ngempumelelo umgaqo-nkqubo wemfundo ebandakanya bonke abafundi (inclusive education policy) nokwazi ukufikelela kumaziko abonelela ngeenkonzo zeengcali (*specialist services).* |
| **27** ► Ukuphucula ukwandiswa kwamaxesha nomgangatho weenkonzo zokubeka esweni nenkxaso ebonelelwa zii-ofisi zezithili zemfundo ezikolweni ngokusetyenziswa bhetele kwemfundo i-*e-Education*. |

Ukongeza apho iSebe leMfundo esiSiseko lamkele le mixholo imiselweyo

1. Ukugxininisa ekuphuculweni komgangatho nempumelelo kwezemfundo
2. Ukunxibelelana nabahlali
3. Ukufundisa nokufunda okubekwe phambili *(prioritised*)
4. Indima eyomeleziweyo nengxamisekileyo yabo bonke abathathi-nxaxheba (amaqumrhu, ii-arhente zoqinisekiso lomgangatho, iimanyano, abazali, amahlakani)
5. Ukomeleza iindlela zokwenza zephondo nezikazwelonke, kubandakanywa amaphulo eentsebenziswano namasebe karhulumente naphakathi kwamacandelo esebe
6. UMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelonke *(NEPA)*–imimiselo nemigangatho yokubeka-esweni novavanyo, oku kubandakanya uvavanyo lweziphumo zovavanyo

Ezi zinto zihamba kunye nezi zinto zizinyanzelo (*non-negotiables*) zidweliswe liSebe leMfundo esiSiseko:

| | **I-ayithem** | **Imiba** |
|---|---|---|
| 1. | I-LTSM | Imimiselo nemigangatho, ukufunyanwa, iindleko |
| 2. | Iziseko zophuhliso | Izixhobo; amanzi nogutyulo; ulondolozo, ifanitshala needesika |
| 3. | Izithili | Inkxaso kwizikolo; uququzelelo kwizithili zephondo; Imimiselo nemigangatho yentsebenziswano, ubuchule, unxibelelwano, inkqubo yokubeka esweni ikharityhulam nophuhliso lootitshala |
| 4. | Ootitshala | Ukufakwa kootitshala ezindaweni, ukusiwa kwezinye izithuba nophuhliso lootitshala |
| 5. | I-ICT: | Abantwana kwiNkulungwane ye-21$^{st}$ |

| | I-ayithem | Imiba |
|---|---|---|
| 6. | U-Kha ri Gude | Uphunyezo oluphuculweyo, uvavanyo, ukubeka esweni novavanyo |
| 7. | IiNkonzo zeeLayibrari | Ziyinxalenye esesizikithini somsebenzi. Usuku lokugxininisa kuMadiba |
| 8. | Amaphandle | Ukudityaniswa kwamaziko anamabakala amaninzi, amancinane, no (*Multigrade, small and micro mergers)* nezizathu ezixhasa oku. Ukuthuthwa kwabafundi ezikolweni |
| 9. | Ikharityhulam | I-*Maths*, iSayensi neThekhnoloji *(MST)* : Uthatho-nxaxheba nokuphucula ukuqhubela phambili. Iyunithi *yeMST*.<br>Ezisalingwayo : Iyunithi yokufunda, izifundo zobugcisa, ukwandisa kweeLwimi zase-Afrika. |
| 10. | Amahlakani nothatho-nxaxheba loluntu ekuphuculeni umgangatho wemfundo *(social mobilization*) | Impilo-qete yabafundi nokhuseleko |

## 2. Imeko eqhubeka kwiphondo

Umbono i-***macroeconomic vision*** kwezemfundo kwiphondo uqulethwe kolu xwebhu -*One Cape 2040* document ucacisa uthi:
*"The National Planning Commission has elegantly captured the central internal challenge facing South Africa and the Western Cape: We need to transform the nature and performance of the economy to simultaneously achieve sustained GDP growth, greater environmental resilience, and much better inclusion. A key driver of socio-economic exclusion lies in massive unemployment and job-shedding growth. This is largely structural, based on a combination of growth in non-productive sectors and on a deep mismatch between the needs of the economy and the skills-base of existing jobseekers and those being produced by the country's education system. This requires a fundamental shift away from the status quo by massively improving the quality of education for the majority, reducing inequality, unemployment and environmental degradation, while restoring hope, and dignity in work. The alternative, represented by a deepening of the status quo, presents a major threat to social cohesion – a morally indefensible and potentially volatile situation of increasing poverty, inequality and unemployment, socio-economic exclusion, violent crime, and a lack of opportunities and hope for those at the bottom of the socio-economic ladder"*.

*Western Cape real GDP growth in 2011 was 3.6% (SA = 3.1%, Global = 3.8%). Over the last 10 years the average real growth rate for the Western Cape was 4.1% translating into a real economy expansion of almost 45%. Over the same period the workforce only grew by 16%. Over 546 000 people are unemployed in the Western Cape (narrow definition). Over two-thirds of these are between the ages of 15 and 35, and over half have not completed matric. There is a strong correlation between poverty, unemployment and low levels of education*

Umbono wezemfundo kuxwebhu lwe-*One Cape 2040* ucacisa oku kulandelayo:




Kwiminyaka emihlanu yethuba 2015- 2019 iphondo lamkele iiNjongo zesiCwangciso soBuchule zePhondo ezi-5. Ekuzezi:

- INjongo yoBuchule 1: Ukudala amathuba okukhula koqoqoqsho nemisebenzi
- INjongo yoBuchule 2: Ukuphucula iziphumo zokufunda namathuba ukwenzela uphuhliso lolutsha
- INjongo yoBuchule 3 : Ukwandisa impilo-qete, ukhuseleko nokuqubisana nezihlava zezentlalo
- INjongo yoBuchule 4: Ukwenzela kubekho indawo yokuhlala enako ukumelana neemeko, enokugcinakala, esemgangathweni nebandakanya wonke umntu.
- INjongo yoBuchule 5: Ukuzinzisa ulawulo olusemgangathweni nokwenziwa kweenkonzo ezihlangeneyo ngamaphulo obambiswano nokungqinelaniswa kweenkonzo ezenziwa lisebe

ISebe iWCED liya kuthatha inxaxheba yaye lifake igalelo kumaphulo obambiswano asebenzayo kunye namanye amasebe kuzo zonke ezi njongo, ngakumbi kwezo zichaphazela iinkonzo zethu ezifunelwa zona, nempilo-qete yabafundi.

Kuko konke oku iSebe iWCED liya kusoloko linika inkxaso i-*Provincial Strategic Goal 5*: "Ukuzinzisa ulawulo olusemgangathweni nokwenziwa kweenkonzo ezihlangeneyo ngamaphulo obambiswano nokungqinelaniswa kweenkonzo ezenziwa liSebe neziphumo ezi-3 zoku:
Isiphumo 1 : Ulawulo olomeleziweyo;
Isiphumo 2 : Uluntu olubandakanaye bonke abantu
Isiphumo 3 : Ulawulo oluhlangeneyo

ISebe iWCED liya kuba liSebe elikhokelayo kule meko kwi-*Provincial Strategic Goal 2*

***"Ukuphucula iziphumo zezemfundo namathuba ukwenzela uphuhliso lolutsha"***

**Inkcazo yenjongo :**

Yonke imisebenzi yophando ibonisa ukuba **abantwana baseNtshona Koloni abafundi babhale yaye babale kumanqanaba afunekayo** ukwenzela imfundo eqhubekekayo nophuhliso. Ezi zakhono zisisiseko zimisela amathuba amahle exesha elizayo namathuba okuphila abo bonke abantwana.

Kukho **ukungangqinelani kumgangatho wemfundo ebonelelwa kubantwana baseNtshona Koloni yaye oku kwandiswa naziingxaki zentlalo noqoqosho ezithe tshitshilili**. Ezi ngxaki zimbini zimele ukuqwalaselwa ngokuqhubekekayo kwizikolo zethu nangenkqubo yokuthatha inxaxheba

| |
|---|
| kwabahlali.<br><br>**Iziphumo zoBuchule :**<br>1. Ukuphucula umgangatho kwinqanaba lolwimi nemathematika kuzo zonke izikolo<br>2. Ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke<br>3. Ukwandisa umgangatho wemfundo ebonelwa kubahlalali abahlelelekileyo<br>4. Ukubonelela amathuba ezentlalo nawoqoqosho kulutsha<br>5. Ukuphucula inkxaso yosapho kubantwana nakulutsha nokuququzelela uphuhliso lolutsha |

Le Njongo yoBuchule iya kuphehlwa liSebe iWCED njengesebe elikhokelayo ngokudibene neSebe loPhuhliso lwezeNtlalo (*Department of Social Development) neSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo (Department of Culture and Sport)*.

Zimbini kule njongo iinkqubo zokutshintsha indlela yokwenza eqhelekileyo" *(Game changers)"* eziqatshelweyo ne-"*Living Lab*" enye. Ezi nkqubo (zigxininisa inkalo efuna ukuqwalaselwa / inyathelo kwiinzuzo ezizezona zininzi eziya kuqondakala ekwenzeni umahluko kubomi babantu) zezi : 1. *E-learning* kunye 2. noPhuhliso lolutsha *(Youth Development*).

1. Kwimeko ye-*e-learning* iprojekthi sele ingene kwisigaba sophunyezo yaye kugxininiswa koku kulandelayo:

| |
|---|
| **I-Wide Area Network (WAN) Project** – yiprojekthi kaRhulumente wePhondo |
| **The Local Area Network (LAN) Project** – yiprojekthi yeSebe iWCED. |
| ***I-Computer Applications Technology, i-Information Technology and Engineering, Graphic and Design (CAT/IT/EGD) computer Refresh Project*** |
| I-***Edulab computer Refresh Project*** ibonelela ngethekhnoloji ekhoyo nefanelekileyo ezikolweni ngokunika abafundi ufikelelo oluthe ngqo kwithekhnoloji kwi-*ICT suite environment.* |
| I-***Smart Classroom Project*** ibonelela ngethekhnoloji ekhoyo ngefanelekileyo ezikolweni. Ithekhnoloji ngokuqhelekileyo iqulethe isixhobo i- *teacher computing device*, i-*teacher projection device*, i-*teacher interactive device* ne-*visualizer device* (ekwaziwa nje-*document camera*). Ithekhnoloji ubukhulu becala ayinaziingcingo *(wireless)* yaye kunokuhanjwa nayo naphi na (pack-up-and-go mobility). |
| I-**e-Resources Catalogue Project** yiprojekthi eyi-*online digital content project*. |
| I-***Learning Management System*** *(LMS) Project* ibandakanya i-*digital resources repository* yaye ikwajonge ukubonelela ootitshala, abafundi nabazali ngezibonelelo ii-*digital teaching and learning resources.* |

Konke oku kuya kuhamba kunye noqeqesho olufunekayo nenkxaso efunekayo.

2. I-*transversal Youth Development project* kungokunje iphantsi koqwalaselo. Igalelo leSebe iWCED liya kuba kwi-*Mass Opportunity Development (MOD) Centres* (R59,594m) ukunika uncedo kwiiprogram zophuhliso lwezikolo ii-*after-school enrichment*, ezemidlalo nezokufunda eziququzelelwa liSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo ne-*WCED Youth Development Programme* (R37,645m) ezivumela abafundi abaphindayo okwesibini (second-time repeaters) kwiBakala 9 ukuba baye kwikhosi e-*TVET College* okanye e-*AET Centre*.

3. I-*Living Lab* yiprojekthi elingwayo yamaBakala R – 3 kwizikolo eziyi-100 ezineziphumo ezibi kwizifundo (*poor academic results*) ukomeleza ukufunda isiNgesi.

## 5.1 Imeko engqonge uKwenziwa kweeNkonzo

Amanani abemi eNtshona Koloni akhulile ukususela kubalo-bantu lwango-2001 yaye ayaqhubeka ukukhula. Ngokwengqikelelo yamanani abantu beli akhutshwe phakathi enyakeni ngo-2011 ngu-*Statistics South Africa (StatsSA)*, iNtshona Koloni ilikhaya kubantu abamalunga ne-5 822 734 yezigidi abamele i-11 % yenani lilonke labemi boMzantsi Afrika. Inani labemi likhule ngo-by 28.7% phakathi ko-2001 no-2011.

Njengoko bekulindelekile, kubekho ukwanda kumanani abafundi ababhaliswe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.

| Icandelo | 2011 | 2012 | 2013 | 2014 | Umahluko 2011 – 2014 |
|---|---|---|---|---|---|
| IBakala R kwiZikolo zikaRhulu-mente eziQhelekileyo | 50 495 | 58 953 | 59 565 | 63 492 | 12 997 |
| AmaBakala 1-12 kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo | 921 776 | 934 992 | 947 046 | 963 441 | 41 665 |
| Izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa | 18 878 | 19 470 | 19 627 | 18 702[1] | -176 |

Owona mba mkhulu unokuphembelela zonke izicwangciso nokubonelelwa kwamaziko ngezithuba kwezemfundo ngamanani obhaliso abafundi. ISebe iWCED lisebenzise ngokwandileyo idatha *yeGeneral Household Survey data* nezinye iinkcazo zokuqhubekayo ukuncedisa kuqikelelo-manani. Ukufundisa nokufunda okuyimpumelelo kuxhomekeke kumlinganiselo ofanelekileyo katitshala nomfundi, iifasilithi neencwadi zezifundo ezisetyenziswayo kwezona ndawo zizezona zinemfuno emandla. Ukwanda kumanani obhaliso eminyaka yakutshanje kukhokelele kuxinzelelo olubonakalayo kwiindawo zokufundela nokwabiwa kwabasebenzi (*accommodation and staffing pressures*) kwiindawo zeedolophu ezinkulu nakwiSixeko saseKapa. Kwangaxeshanye kubekho ukuhla kwamanani kwezinye iindawo zephondo.

| Unyaka | Gr 1 | Gr 2 | Gr 3 | Gr 4 | Gr 5 | Gr 6 | Gr 7 | Gr 8 | Gr 9 | Gr 10 | Gr 11 | Gr 12 | Itotali |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 2003 | 86 916 | 82 454 | 75 931 | 66 033 | 82 383 | 92 341 | 84 514 | 81 154 | 73 200 | 81 739 | 51 746 | 39 644 | 898 055 |
| 2004[2] | 104 105 | 82 130 | 81 489 | 76 781 | 66 060 | 82 574 | 89 614 | 85 053 | 78 964 | 80 756 | 54 199 | 39 451 | 921 176 |
| 2005 | 93 515 | 94 231 | 80 695 | 80 809 | 74 984 | 66 141 | 81 953 | 88 778 | 82 169 | 81 577 | 56 657 | 39 303 | 920 812 |
| 2006 | 87 650 | 85 972 | 89 828 | 80 443 | 77 811 | 73 106 | 65 347 | 78 926 | 80 595 | 83 529 | 57 536 | 40 198 | 900 941 |
| 2007 | 92 818 | 82 562 | 83 914 | 89 973 | 78 674 | 78 021 | 72 733 | 66 406 | 80 697 | 86 495 | 61 938 | 42 624 | 916 855 |
| 2008 | 91 853 | 83 267 | 79 454 | 85 891 | 87 116 | 78 290 | 76 146 | 71 410 | 72 914 | 79 133 | 63 819 | 43 470 | 912 763 |
| 2009 | 93 601 | 82 158 | 80 385 | 83 150 | 82 382 | 85 621 | 76 262 | 75 227 | 79 795 | 68 405 | 60 812 | 45 692 | 913 490 |
| 2010 | 98 086 | 83 046 | 79 155 | 84 234 | 80 290 | 81 402 | 82 777 | 75 426 | 85 114 | 70 630 | 53 799 | 44 876 | 918 835 |
| 2011 | 100 423 | 85 216 | 79 489 | 83 490 | 80 205 | 79 022 | 78 207 | 81 312 | 84 957 | 73 470 | 56 995 | 38 990 | 921 776 |
| 2012 | 103 444 | 88 536 | 81 415 | 83 922 | 79 900 | 78 384 | 76 432 | 77 561 | 90 815 | 72 714 | 58 758 | 43 111 | 934 992 |
| 2013 | 104 678 | 93 506 | 85 762 | 85 599 | 79 210 | 78 437 | 76 238 | 75 528 | 87 132 | 78 812 | 56 109 | 46 035 | 947 046 |
| 2014 | 106 917 | 97 647 | 89 385 | 90 617 | 81 441 | 76 690 | 74 727 | 76 000 | 82 714 | 75 838 | 64 619 | 46 846 | 963 441 |

*Umthombo weDatha : 2014 : Annual Survey for Schools (Public Ordinary schools excluding LSEN unit learners)*

[1] The apparent drop in enrolment numbers is because of the re-classification of three schools as Public Ordinary schools.

[2] Iipatheni zobhaliso zichatshazelwa lutshintsho kwinqanaba likazwelonke, kumgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi ngokobudala kwiBakala 1 ngo-2000, owavumela ukuba izikolo zibhalise kuphela abantwana abaminyaka isixhenxe kuphela kunyaka abamkelwa ngawo okokuqala ngqa. Ngenxa yoku, inani labathathwe kwiBakala 1 lathotywa kwiminyaka engaphambili. Emva koko imfuno yeminyaka yobudala yatshintshwa ngenxa yoko kwakhona kwaza ngo-2004 anyuka amanani kwakhona. Oku kuboniswa yile theyibhile.

Le theyibhile ingentla ibonisa ukwanda okufikelela kubafundi abayi-65 386 kumjikelo weminyaka eyi-12 (2003 – 2014). Itheyibhile ibonisa ukukhula okubonakalayo kumanani obhaliso kwiBakala 1 nefuthe lokugcinwa kwamanani abafundi okuphuculweyo phakathi kweBakala 10 neBakala 12.

Ukufudukela kwabantu kweli phondo kuhlala kusenza igalelo elibonakalayo kumanani obhaliso okubangela uxinzelelo kwindawo yokuhlala kwiindawo ezisakhulayo (*developing areas*).




| | Yr 2010 | Yr 2011 | Yr 2012 | Yr 2013 | Yr 2014 |
|---|---|---|---|---|---|
| Series1 | 27534 | 25954 | 21921 | 24568 | 22401 |

Iitotali kumaBakala 1 no-9 zibonisa ukuba kukho amanani abafundi abaphinda la mabakala. Le yimiba ephantsi koqwalaselo namaphulo ongenelelo ngoncedo awodwa ukunciphisa iireyithi zokungapasi kwabafundi. Igrafu neetheyibhile engezantsi zishwankathela inkqubela yakutshanje ngokumalunga noku.




| | Gr 1 | Gr 2 | Gr 3 | Gr 4 | Gr 5 | Gr 6 | Gr 7 | Gr 8 | Gr 9 | Gr 10 | Gr 11 | Gr 12 |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Yr 2011 | 79.8 | 90.2 | 94.6 | 89.7 | 93.8 | 95.1 | 95.8 | 92.1 | 71.1 | 73.4 | 80.1 | 82.9 |
| Yr 2012 | 83 | 92 | 95 | 90 | 95 | 96 | 96 | 93 | 74 | 72 | 83 | 82.8 |
| Yr 2013 | 84.7 | 90.1 | 94.3 | 88.6 | 92.8 | 95 | 97.1 | 93 | 77 | 80.8 | 87.8 | 85.1 |
| Yr 2014 | 87.8 | 91.7 | 94.9 | 88.5 | 94.5 | 96.2 | 93.6 | 87.1 | 77.8 | 79.9 | 88.1 | 82.2 |

Abantu abadala baseNtshona Koloni bagqibe iminyaka yokufunda engumndilili ka-9.9. Eli nani ligqithe kuphela e*Gauteng* ngeminyaka eyi-10.5. Umndilili kazwelonke yiminyaka eyi- 9.3. Abo banematriki benza i-41.4% yabemi baseMzantsi Afrika.

Kukho iimpawu zokuphucuka komgangatho kulo mba njengoko oku kunokulandelelwa kwezi nkcukacha-manani zilandelayo.




**Umgangatho wokufunda**

*Imfundo kwizikolo eziziiprayimari:*

Umgangatho wemfundo kwiZikolo eziziiPrayimari ulandelelwa ngeprogram yovavanyo lwenkqubo yezemfundo kumaBakala 3, 6 no-9 kuLwimi nakwiMathematika eNtshona Koloni kule minyaka iyi-13 idlulileyo.

Ukususela ngo-2002 ukuya ku-2009, iSebe iWCED labhalisa iimvavanyo zolwimi nemathematika kubafundi bamaBakala 3 no-6 kwiminyaka ekushiywa ube mnye phakathi *(alternate years*) ukwenzela ukulandelela inkqubela yabo nokufumanisa ingxaki. Ngo-2010 iSebe iWCED, lavavanya okokuqala ngqa, bonke abafundi bamaBakala 3, 6 no-9 ukuqinisekisa imeko yokufunda ulwimi nemathematika kwisikolo ngasinye kwiphondo. Eli ibilixesha lokuqala abafundi beBakala 9 bevavanywa kwiphulo lokulinga (*pilot exercise)* lokumisela uvavanyo lokwandlalela. Ngo-2011, iSebe iWCED landisa inqanaba lemingeni efuna ingqondo ezikisayo ukucinga kwiimvavanyo ngakumbi kwiimvavanyo zolwimi, ukwenzela ukubeka eyona milinganiselo isezantsi ingumzekelo kwiphondo. Ngokuthe ngqo, iitheksti ezinde noko nezintsonkothileyo ngokungaphezulu zabandakanywa kwezi mvavanyo ukwenzela ukuzenza ezi zihloko zovavanyo zibe nokuthelekiseka nezo zisetyenziswe kula manqanaba okulinganisela kazwelonke.

Iimvavanyo zibhalwa ngo-Oktobha kunyaka ngamnye yaye iziphumo zinikwa izikolo kwiveki yokuqala yekota yokuqala. Iziphumo zisetyenziswa zizikolo ukucwangcisela imisebenzi yokufunda yonyaka kwanokuqulunqa iziCwangciso zoPhuculo lweZikolo (*School Improvement Plans*) zazo neethagethi zonyaka ochaphazelekayo. Ukongeza apho, iiziphumo zisetyenziswa zizithili ukucwangcisela inkxaso efanelekileyo kwizikolo.

| **Iziphumo zeNkqubo yeMfundo kumaBakala 3, 6 & 9 ngo-2013<br>IZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo** | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | **kwiBakala 3** | | **kwiBakala 6** | | **kwiBakala 9** | |
| | **IMathematika** | **ULwimi** | **IMathematika** | **ULwimi** | **IMathematika** | **ULwimi** |
| **Ababhalayo** | 85 623 | 85 610 | 72 214 | 72 198 | 71 345 | 71 266 |
| **Abapasayo** | 46 236 | 36 299 | 21 953 | 27 363 | 10 630 | 33 923 |
| **I-% Yabapa-sayo** | **54%** | **42.4%** | **30.4%** | **37.9%** | **14.9%** | **47.6%** |
| **Amanqaku angumyinge** | **52%** | **45%** | **41.4%** | **43.2%** | **28.7%** | **50.3%** |

Ukupasa ngamanqaku angu-50%. Amanqanaba eemvavanyo abonisa ukuphucuka komgangatho okungangxamanga kwimvavanyo zeMathematika kumaBakala 6 no- 9. Ukuhla kwiiReyithi zokuPasa kuLwimi *(Language Pass Rates*) ngo-2013 kubuyiselwe umva *(reversed)* ngokwanda kuka-5.4% kumaBakala 3 no- 8.4% kwiBakala 6.




Ngo-2014 ii-Annual National Assessments zabhalwa ngabafundi abayi-612 276 kumaBakala 1 – 6 no-9. Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziyi-1 458, izikolo ezizimeleyo eziyi-83 nezikolo eziyi-17 zemfundo eneneemfuno ezizodwa eNtshona Koloni, zathatha inxaxheba kolu vavanyo lukazwelonke. Iincwadi zeempendulo zamakishwa ngootitshala ezikolweni zaza emva koko iisampuli zeencwadi ezintatthu ngesifundo ngasinye nangeklasi nganye kumaBakala 3, 6 no-9 ezivela kwisikolo ngasinye zaphindwa zamakishwa kwakhona ngootitshala ndaweninye kwisithili ngasinye njengomsebenzi wokumodareyitha wephondo.

ISebe i*DBE* latyumba i-arhente yangaphandle (*external evaluation agency*) ukunika ingxelo ngokuthembeka kwamanqaku ee-*ANA*. KwiSebe iWCED, ziyi-246 izikolo ezazikhethiwe njenge-*Verification ANA schools.* Iincwadi zeempendulo zabafundi eziyi-25 zenziwa iisampula kumaBakala 1 - 9, kubandakanywa amaBakala 7 no-8 kwizikolo ezikhethekileyo njengeko kumiselwe liSebe iDBE. Ezi ncwadi zeempendulo zamakishwa ngokuzimeleyo yaye amanqaku afakwa yi-arhente yovavanyo yangaphandle *(external evaluation agency)*.
Iziphumo zango-2014 (IPesenti eyi-avareji) ziboniswe kule theyibhile ingezantsi :

| | **WCED 2014 Ulwimi** | **ULwimi lweeNkobe ngo-2014** | **WCED IMathematika 2014** | **KuZwelonke ngo- 2014 iMathematika** |
|---|---|---|---|---|
| kwiBakala 1 | 68.4 | 63.2 | 71.9 | 68.4 |
| kwiBakala 2 | 67.0 | 61.1 | 63.0 | 61.8 |
| kwiBakala 3 | 57.9 | 56.2 | 60.5 | 55.5 |
| kwiBakala 4 | 57.6 | 56.5 | 41.9 | 37.3 |
| kwiBakala 5 | 58.5 | 57.1 | 45.2 | 37.3 |
| kwiBakala 6 | 64.8 | 62.7 | 50.9 | 43.1 |
| kwiBakala 9 | 49.5 | 48.3 | 13.0 | 10.8 |

**ISatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*)**

Unyaka ka-2014 yayingunyaka wesixhenxe weemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC). Kunyaka ekwabakho ngawo ukuhla kwireyithi yokupasa kazwelonke, engaphantsi nje ngo-3%, kwiSebe iWCED ngokufanayo ireyithi yokupasa yehla yaba ngu-82.2%. Bekukho abaviwa abayi 39 237 abapasayo yaye kwelo nani bayi- 18 524 abapasayo nababanako ukungenela izifundo zeprogram yeSidanga sokuQala. Bayi-11 265 abafundi abapasa iMathematika ngereyithi yokupasa engu-73.9%. Kwi-*Physical Science*, ireyithi yokupasa ka-2014 yaba ngu-70.7%, Inani lababapasayo ngu- 7 845.

| **Iziphumo ii-*WCED Comparative NSC results* 2009 - 2014** | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Unyaka** | **Abab-halayo** | **Aba-pasayo** | **I-% yaba-pasayo** | **Abanoku-ngenela isiDanga sokuQala** | **I-% yabanoku-ngenela isiDanga sokuQala** | **Izikolo ezinereyithi yokupasa <60%** |
| 2009 | 44 931 | 34 017 | 75.7 | 14 324 | 31.9 | 85 |
| 2010 | 45 783 | 35 139 | 76.8 | 14 414 | 31.5 | 78 |
| 2011 | 39 988 | 33 146 | 82.9 | 15 215 | 38.1 | 30 |
| 2012 | 44 700 | 36 992 | 82.8 | 16 319 | 36.5 | 26 |
| 2013 | 47 636 | 40 558 | 85.1 | 19 477 | 40.9 | 23 |
| 2014 | 47 709 | 39 237 | 82.2 | 18 524 | 38.8 | 31 |

ISebe iWCED liya kuqhubeka nokugxininisa imfuno yokuqinisekisa ukwanda kumanani abafundi abachophela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke. IziCwangciso zoPhuculo lweZithili (*District Improvement Plans*) zigxininisa koku yaye zimisela izicwangciso neenkqubo zophunyezo ezifanelekileyo.

**Iprogram yokulungiswa komonakalo wangaphambili**

ISebe iWCED, ngokubambisana namanye amasebe karhulumente nemibutho yabahlali, lidlala indima yokuthibaza ifuthe lentlupheko nolwaphulo-mthetho ekufundeni ngezi ndlela zine zilandelayo :

1. 'Izikolo ezingabizi zifizi' nokuxolelwa kwabazali ekuhlawuleni iifizi kwizikolo ezibiza ifizi;
2. Ukubonelelwa ngokutya ezikolweni nge-*National School Nutrition Programme (NSNP);*
3. Izikim zothutho lwabafundi kunye
4. naManyathelo okhuseleko.

Inani labafundi abaya kuxhamla kwezi ndlela zenkxaso yezentlalo ngo-2014 ngaba balandelayo:

| | 2010 | 2011 | 2012 | 2013 | 2014 |
|---|---|---|---|---|---|
| Abafundi abaxhamla kudidi lwezingabizi zifizi (NQ1-3) Nazo zibandakanyiwe : Iqela labafundi abongeziweyo (NQ4 and NQ5) ababebhengezwe njengabafundi abangahlawuli zifizi ngokuzithandela. | 365 112 | 365 812 | 370 617 | 371 122 | 554 265 |
| Abafundi abaxhamlayo ngokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi | *New PPI* | 48 063 | 69 940 | 90 506 | 104 657 |
| Abafundi abaxhamlayo kwiprogram yokutyisa abafundi (NQ 1-3) nabo bakhethiweyo be- NQ 4 no-5, ngokusekelwe kwiimfuno zabo. | 415 829 | 426 707 | 427 576 | 438 437 | 454 855 |
| Abafundi abasebenzisa iskim sothutho lwabafundi | 48 786 | 50 992 | 50 526 | 49 944 | 52 065 |

Iimali ezabiwa ngokweMimiselo neMigangatho yolwabiwo-mali ezikolweni zilinganiselwa ngokweemfuno ukwenzela ukuba izikolo zabahlali abangathathi ntweni zabelwe imali engaphezulu.

Izixa "ngomfundi ngamnye"ezahlawulwa kwizikolo zikarhulumente kumaNqanaba 1, 2 no- 3 eNtlupheko zilinganisiwe ukususela ngo-2013/14; ngamanye amazwi, izikolo ze-NQ 2 no- 3 zafumana eso sixa-mali sifanayo njengeyezikolo eziku- NQ 1.

| **Izabelo zeeThagethi zikaZwelonke** | | | |
|---|---|---|---|
| | **2013/14** | **2014/15** | **2015/16** |
| INqanaba 1 | R1 010 | R1 059 | R1 116 |
| INqanaba 2 | R1 010 | R1 059 | R1 116 |
| INqanaba 3 | R1 010 | R1 059 | R1 116 |
| INqanaba 4* | R 550 | R 830 | R 882 |
| INqanaba 5* | R 239 | R 317 | R 334 |
| ** Iindleko ezingumndilili kuzo zonke izikolo* | | | |

Iindleko zokulinganisa ezi zixa zamaNqanaba 2-3 eNtlupheko ngomfundi ngamnye yayiyi-R26m yezigidi ngo-2014/15. ISebe leDBE linako ukuhlaziya ezi zixa ngamathuba athile kule minyaka mi-5 izayo.

Omnye umba obalulekileyo wenkqubela ka-2014 kukwandiswa kweprogram yezikolo ezingabizi zifizi. Ziyi-216 izikolo, ezinabafundi abayi-172 541, ezikuManqanaba 4 no-5 eNtlupheko zasamkela isicelo zokuba zizikolo "*eziNgabizi ziFizi*". Esi sicelo sasiwa nakwezo zikolo ezazibiza iifizi zesikolo ezingaphantsi ko-R400 ngonyaka.

Izikolo ezibiza iifizi zesikolo zinokwenza isicelo sokubuyiselwa iintlawulo apho abazali abaxolelweyp ekuhlawuleni iifizi, bangenako ukuhlawula iifizi. Ngo-2014, izigidi eziyi-R44 *million* sahlawulwa ukunika inkxaso abafundi abayi-104 657 kwizikolo eziyi-713.

I- *National School Nutrition Programme (NSNP)* inika abafundi abayi-454 855 ukutya okunesondla yonke imihla kwizikolo eziyi-1027 eziziiPrayimari neeSekondari neZikolo zeMfundo eneeMfuno ezizodwa ezithagethiweyo ngo-2014. Abafundi abaza kutyiswa bayi-564 kwizikolo eziziprayimari kumaNqanaba eNtlupheko 1 – 3; bayi-111 kumaNqanaba eNtlupheko 1 – 3 kwizikolo eziziisekondari; zibe yi-43 neZikolo zeMfundo eneeMfuno ezizodwa nabafundi abakhethwe kwizikolo eziyi-309 kumaNqanaba eNtlupheko 4-5 kwiZikolo eziziiPrayimari neziziiSekondari.

Iimenyu eziphekiweyo ziquka irayisi, umngqusho, i-*soya mince*, intlanzi ye-*pilchards* nemifuno. Ukutya okungaphekwayo kuquka isonka esinepinathibhatha nejem, iziselo ezinesondlo, iziqhamo ezifreshi nemifuno. Yi-200ml yobisi olunikwa abafundi kanye ngeveki. Ukususela kunyaka-mali ka-2013/2014 i-*NSNP* yeSebe i*WCED* ibonelele ngesidlo sakusasa iintsuku ezintlanu ngeveki. Kuya kugxininiswa ngo-2015 ekwandiseni ixabiso lokuba nesondlo kokutya.

IProgram yeZikolo eziKhuselekileyo (*Safe Schools Programme*) inesicwangciso esintlantlu-ntathu (*three-pronged strategy*), ekuzezi: ukubonelelwa kwezikolo ngeenkqubo zokhuseleko (security mechanisms), iiprogram ezimalunga neendlela zokucinga nezeendlela zokuziphatha nezokunxibelelana nabachaphazelekayo abafanelekileyo. ISebe iWCED lineZiko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo (*Safe Schools Call Centre),* apho kunokuxelwa imiba ngemiba emalunga nobundlobongela obuqhubeka ezikolweni; ukunika iingcebiso ngokusebenzisa iZiko leeFoni kwabo bantu baxhelekileyo (*traumatised individuals*).

IZiko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo lifumana iifoni eziye kufikelela ku-20 000 ngonyaka. Imibuzo emininzi zizicelo zengcaciso emalunga nokuba zingasingathwa njani na izoyikiso ezithile, ingcaciso emalunga ne*HIV/AIDs*, ukukhulelwa kolutsha olusafikisayo okanye iinkqubo zokuziphatha kakubi. Ezinye iifoni zimalunga nohlukunyezo (emzimbeni, ngokweemvakalelo, nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi). IZiko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo linika inkxaso ngokuqala lithomalalise umothuko kusetyenziswa ifoni, lize ibagqithisele abo bafuna uncedo kwiingcali ukufumana iingcebiso ngokunzulu, njengoko kuyimfuneko.

Inkxaso kukhuseko ibonelelwa kwizikolo ezitsha ezingamashumi amahlanu ngonyaka, ngokusekelwe kwiimfuno nakwiingozi zayo. Kubalulekile ukuba izikolo zigcinwe zikhuselekile ngokusetyenziswa kwamanyathelo okhuseleko (*physical safety measures*), ngentsebenziswano neNkonzo yaMapolisa oMzantsi Afrika naweMetro (*South African Police Services* ne*Metro Police*), nokuzibandakanya kwabahlali ekukhuseleni izikolo. Ukongeza apho, iSebe *iWCED,* ngokubambisana namanye amasebe karhulumente no-*SAPS,* baya kuqhubeka ngokwenza uhlolo olungacwangciswanga (*random inspections*) nokuvavanyelwa iziyobisi nezixhobo kwabafundi ezikolweni. Iprogram esalingwayo apho amagosa ii-*School Safety Resource Officers* aqeqeshiweyo asiwa kwizikolo eziyi-6 ngo-2013, ngentsebenziswano no-*Metro Police*, kwabonisa iinzuzo yaye kwakhokelela kwimvumelwano yokuba kunikwe inkxaso izikolo eziyi-30 ngale ndlela ukunceda ekuboneleleni ngendawo engqonge izikolo ekhuselekileyo yokufundisa nokufunda.

Iskim sothutho lwabafundi njengangoku, sibonelela ngezithuthi eziziibhasi ukuya nokubuya esikolweni kubafundi abayi-50 000, abakwiindawo ezisemaphandleni ubukhulu becala. Ukubekwa esweni okungqongqo kwale nkqubo kuyimfuneko ukuqinisekisa ukhuseleko lwabafundi. Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngothutho lwabafundi abahlala kumgama oziikhilomitha ezi-5 nangaphezulu ukusuka kwesona sikolo sikufutshane sifanelekileyo. Ukukhula okuqhubekekayo kumanani abafundi kuyaqhubeka ukuchaphazela iimfuno zabo. Kungokunje kukho iindlela eziyi-516, nezikwingingqi yasemaphandlemi ubukhulu becala. Ngo-2015 kuya kugxininiswa ekungqinisiseni iindlela namanani abafundi abafanele

ukuxhamla ekuthuthweni nokumisela ukuba kungenziwa njani na ukulungiselela iimfuno zezothutho.

### 5.2 Imeko engqonge iSebe

ISebe iWCED linenjongo yokunika iimpendulo nokubonelela ngeenkonzo ngokuyimpumelelo nokuphucula iinkqubo neesisitim zokwenziwa kweenkonzo zemicimbi yeSebe *(Department's business processes and systems)*. UNdlunkulu nee-ofisi zezithili ezisi-8 zeSebe iWCED, zenziwe ngohlobo lokuba zinike inkonzo ethi iphendule ngokukhawuleza kwiimfuno zoluntu nenika inkxaso ezikolweni nakootitshala.

ISebe i*WCED* line-ofisi yomphathiswa wezemfundo kwiphondo, ephethwe nguMphathiswa wezeMfundo eNtshona Koloni, undlunkulu wephondo, ii-ofisi zezithili namaziko emfundo, kubandakanywa izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, izikolo ezineemfuno ezizodwa, iikholeji ze*FET*, amaziko emfundo abantu abadala namaziko e-*ECD*.

I-oganogram iqhotyoshelwe njengesiHlomelo F.

### 5.3 Inkcazo yeenkqubo zezicwangciso zobuchule

Ikhabhinethi yephondo yamisela iinjongo zobuchule zephondo neziphumo *(provincial strategic goals and outputs)* ngemisebenzi eluthotho ephakathi kwamasebe yaye ezi njongo zaqinisekiswa kwi-*Cabinet Bosberaad*. Ezi njongo zimisela imeko-bume eyongamele ukucwangcisa kwesebe i*WCED*.

Ekuqulunqeni ezi sicwangciso sobuchule seminyaka emihlanu iSebe iWCED liqwalasele intsebenzo yalo kwithuba elingaphambi kweminyaka emi-5 : ukuphumelela jikelele kwezikolo kwizifundo nezinye neziphumo zokufunda kusetyenziswa idatha ekhoyo.

Icandelo ngalinye livavanye ngokungaphezulu intsebenzo yalo kwiminyaka emihlanu engaphambi koku laza ladwelisa amaphulo amatsha, izinto elikwazi ukuzenza ncam nezo lingakwaziyo ukuzenza ncam kweli thuba yaye lamisela iinjongo zale minyaka mihlanu izayo, ngokumalunga neNjongo zoBuchule (*Strategic Objectives*) neenkcitho eziyilahleko ezinxulumene nazo.

ABaphathi aBakhulu (*Senior Management*) ke ngoko benza imisebenzi yokuphononongа iiprogram ukunika inkxaso iiNjongo zoBuchule eziJolise kwiZiphumo ezi-3 (*Strategic Outcome Oriented goals)* zeSebe i*WCED* ukujongana nolwimi nemathematika kubandakanywa iBakala R ; ukujongana nokupasa kwababafundi iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nokujongana nokuqhuba kakubi kwezikolo. Ezinye iinkalo ezimbini ekugxilwe kuzo eziqatshelweyo ibe luPhuhliso looTitshala *(Teacher Development*) ne-*e-learning* and *e-admin*.

Iziphumo zalo msebenzi, uqhutywe ziikomiti zamasebe ngamasebe apha ngaphakathi kwiSebe *WCED*, zibe yiseti "yeenjongo" eziyi-18 ukunika inkxaso izicwangciso zobuchule ezithathu namanyathelo amathathu kwinjongo nganye kweziyi-18. Iinkcitho eziyilahleko nokubonelelwa kwamaziko ngezibonelelo zithathelwe ingqalelo kulo msebenzi.

Inkcazo engaphezulu novavanyo lweenkcitho eyilahleko zaqhutywa ngokumalunga nezi ngcebiso zeSebe i*WCED*. Ukongeza apho, yonke imigqaliselo kazwelonke yabandakanywa yaye yaqwalaselwa. Isiphumo sezi seshoni ziluthotho zicaciswe kwesi sicwangciso.

Iiprayorithi ezininzi zeminyaka engaphambili emi- 5 ziyakwandiswa yaye zizinziswe. Kwimeko yamaphulo amatsha, unyaka wokuqala uya kugxininisa ekuqulunqeni nesekuqwalaseleni izicwangciso nokuqinisekisa ukuba zonke iinkcukacha ziqwalaselwe. Uphunyezo olupheleleyo lwala maphulo umzekelo isiCwangciso soPhuhliso looTitshala, luya kuqala ngo-2016.

## 6. Iinjongo zobuchule zesebe

| | |
|---|---|
| Injongo 1 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokufunda | Ukuphucula umgangatho kwinqanaba lolwimi nemathematika kuzo zonke izikolo |
| INkcazo yeNjongo | Kuya kuphuculwa umgangatho kwindlela abaqhuba ngayo abafundi kwizifundo kuLwimi nakwiMathematika ukwenzela ukuba :<br>- Abafundi beBakala 3 bapase ngereyithi engu-50% kuLwimi no-64% kwiMathematika kwiimviwo ezisetwe nezilawulwa ngaphandle<br>- Abafundi beBakala 6 bapase ngereyithi engu-48% kuLwimi no-40% kwiMathematika kwiimviwo ezisetwe nezilawulwa ngaphandle<br>- Abafundi beBakala 9 bapase ngereyithi engu-53% kuLwimi no-21% kwiMathematika kwiimviwo ezisetwe nezilawulwa ngaphandle |
| Injongo 2 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokufunda | Ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke |
| INkcazo yeNjongo | Kuya kuphuculwa umgangatho wokuqhuba kwabafundi kwiimviwo zesatifikethi sematriki (*NSC*) ukwenzela ukuba :<br>- Inani labafundi abapase iNSC ngo2019 liya kuba ngu-41 000.<br>- Ireyithi yokupasa ngo-2019 iya kuba ngu-86%.<br>- Inani labafundi abaphumeleleyo nabanokungenela isidanga ngo-2019 liya kuba ngu-20 100.<br>- Inani labafundi abapase iNSC ngo2019 liya kuba ngu-11 770.<br>- Inani labafundi beBakala 12 abapasa iFizikhali sayensi ngo-2019 liya kuba ngu-9 500. |
| Injongo 3 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokufunda | Ukwandisa umgangatho wemfundo ebonelwa kubahlalali abahlelelekileyo |
| INkcazo yeNjongo | ISebe i*WCED* liya kutyala imali ukunika inkxaso izikolo ezihlelelekileyo ukwenzela ukuba :<br>- Kuhle inani lezikolo ezinereyithi yokupasa iBakala 12 engaphantsi ko-70% ukuya ku-0 ekupheleni kuka-2019.<br>- Kupheliswe ukuqhuba kakubi kwabafundi kwamanye amabakala njengoko oko kulinganiselwe ngee-*Annual National Assessment (ANA)* kumaBakala 1, 6 no-9 neemvavanyo zenkqubo yeMfundo yeSebe iWCED zamabakala 3, 6 no-9 (Makufundwe iNjongo 1 noProgram 7 kwiithagethi)<br>- Ukuncitshiswa kwenani lezikolo eziziiprayimari ezineziphumo ezikumgangatho ophantsi kwiimvavanyo zenkqubo yemfundo nakwireyithi yokupasa jikelele kumabakala nangaphantsi ko-85% ukuya ku-30 ukuya ekupheleni kuka-2019.<br>- Ireyithi yokugcinwa kwamanani abafundi ezikolweni (*retention rate*) (AmaBakala 10 -12) amanani ande ngo-68% ukuya ekupheleni kuka-2019.<br>Inani lokuhanjelwa kwezikolo ukuzinika inkxaso kuya kwahlukaniswa ukwenzela ukukumatanisa nenkxaso efunekayo.<br>Ukubonelelwa ngeziseko zophuhliso inkxaso yezentlalo nenkxaso-mali kuya kutshintshwa ukwenzela ukuba kugxininiswe kwezo zinto zilungiselela abafundi nezikolo ezihlelelekileyo. |

**ICANDELO B: IINJONGO EZICWANGCISWE NGOBUCHULE *(STRATEGIC OBJECTIVES)***

**7. Iiprogram**

**Iprogram 1**

**Injongo[3]**

Ukubonelela ngolawulo lwento yonke nangenkxaso kwinkqubo yezemfundo, ngokungqinelana noMthetho woMgaqo-nkqubo wezeMfundo, uMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente neminye imigaqo-nkqubo

Iimali kule program ziquka intlawulo kwiimpahla neenkonzo ezixhaswa ngezimali ngurhulumente, kootitshala abathile, kwabangezotitshala nakwizinto ze-ofisi, ezisetyenziselwa, ezolawulo, ezophando, kwakunye neenkonzo ze-ofisi ngokubanzi, umzekelo iinkonzo zokucoca nezokhuseleko, ukuba zisetyenziswa kundlunkulu wephondo nakumasebe akwizithili nakwii-ofisi zezithili. *Ezi mali azibandakanyi intlawulo kwiimpahla neenkonzo zokunika inkxaso kumsebenzi owuqeqeshelweyo umz*. iingcebiso i-*psychological counselling* noqeqesho lootitshala nolawulo, ezibonelelwa ngqo kubasebenzi kumaziko kwakunye nenye inkxaso ebonelelwe ngqo kumaziko.

Iprogram ixhasa ngemali iinkonzo zokulawulwa kwesebe lemfundo ngolu hlobo lulandelayo :

| | |
|---|---|
| *1.1. I-ofisi yoMphathiswa wezeMfundo (MEC)* | |
| Iprogram esekelayo 1.1: I-Ofisi yoMphathiswa ukulungiselela ukwenziwa kwemisebenzi ye-ofisi yeLungu leBhunga leSigqeba *(Member of the Executive Council (MEC)* kwezemfundo ngokungqinelana nencwadana i-*ministerial handbook* | *Ibandakanya iimpahla neenkonzo zeprogram 1 kwi-ofisi kaMEC weSebe leMfundo, kubandanywa iinkonzo ezimalunga nonxibelelwano, uphando, ukucwangcisa njl.njl. apho inkonzo ibonelelwa apha ngaphakathi e-ofisini kaMEC* ngokungqinelana ne-*ministerial handbook*. |
| *1.2. IiNkonzo zeZiko* | |
| Ukubonelela ngeenkonzo zolawulo ezingajolisanga ngqo kwezemfundo kwinkqubo yezemfundo. | *Zibandakanya iimpahla neenkonzo zeprogram 1 ukuba zeziqhelekileyo yaye azinxulumanga ngqo nezemfundo umz*. ukuba zimalunga nolawulo lwezemali, iinkonzo zeMicimbi yezaBasebenzi, iinkonzo zezemithetho, ukubonelelwa, ulawulo loNxibelelwano lwaBathengi naBathengisi, ukucoca nokhuseleko, i-*ICT* kubaphathi be-ofisi nonxibelelwano. |
| *1.3. Ulawulo lwezeMfundo* | |
| ukubonelela ngeenkonzo zolawulo lwezemfundo kwinkqubo yezemfundo | *Ibandakanya iimpahla neenkonzo zeprogram 1 ukuba* zinxulumene ngqo nezemfundo, umz. ukuba zimalunga nokucwangcisela ezemfundo, uphuhliso lwekharityhulam, abacebisi bezifundo, iintlawulo nokuphathwa kwabaphathi besekethe nabezithili zemfundo umz. iNtsumpa (SG), ii*HODs* neekomiti zolawulo zezikolo. |
| *1.4. Uphuhliso lwecandelo lezabasebenzi* | |
| Ukubonelela ngophuhliso lwezakhono zabasebenzi kubasebenzi abase-ofisini kwandlunkulu | *Zibandakanya iimpahla neenkonzo zeprogram 1 ezifunekayo kuqeqesho lo gama asenkonzweni amagosa asezi-ofisini, kubandakanywa ootitshala abasezi-ofisini kwakunye neemali zeebhasari ezibonelelwa kulo magosa. Azibandakanyi iibhasari zabo bangengomagosa /bangabafundi*. |

| *1.5. I-EMIS (Education Management Information System (EMIS))* | |
|---|---|
| Ukubonelela nge-*Education Management informa-tion System* ngokungqinelana ne- *National Education Information Policy*. | *Zibandakanya iimpahla neenkonzo zeprogram 1 ezifunekayo kwiphulo lokuqalwa kwe-SA-SAMS, SA-SAMS Training, SA-SAMS Data Warehousing, Data verification, LURITS, Business Intelligence and GIS* ngokungqinelana neePrayorithi eziPhambili ze-*EMIS Improvement Fund* efunyenwe kuNondyebo kaZwelonke *(National Treasury)*. *Ayibandakanywa imisebenzi ye-* ICT. |

## Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule (*strategic objectives*)

| **Injongo 1.1 ecwang-ciswe ngobuchule** | **Ukuqulunqa nokuphumeza isicwangciso sophuhliso lootitshala seminyaka emi-5** |
|---|---|
| Inkcazo yenjongo | 1. Iintlanganiso zakabini enyakeni phakathi kweSebe i*WCED* ne-*HEIs* ne-*DHET* ukuvuselela inkonzo yaphambi kwengqesho yootitshala (*pre-service for teachers*)<br>2. Ukuqulunqa nokuphumeza isicwangciso sophuculo lootitshala seminyaka emi-5 (kubandakanywa ukuba nokuphendula kwingcaciso evela kuvavanyo, iiprofayili zootitshala; uqeqesho ukulungiselela i-e-*learning)*<br>3. Ukuqulunqa nokuphumeza iprogram ebanzi yokukhuthaza ootitshala *(comprehensive teacher incentive programme*) ukulungiselela uphuhliso lootitshala ukuphucula umsebenzi wabo wokufundisa, izakhono zokufundisa, ulwazi lwezifundo nokubanako ukusebenzisa ikhompyutha kootitshala neenqununu.<br>4. Ukugaya, ukukhetha nokugcina iinqununu nee*HoD*s ezinobuchule |
| Inkcazo eyandlalelayo | Kubekho iqela lamaphulo ongenelelo ngoncedo oqeqesho ngethuba leeholide nathe ajongana neemfuno ezimiselweyo zekharityhulam kazwelonke nafikelele kwinqanaba leBakala 12 ngo-2014 okanye abe yinxalenye yesicwangciso soqeqesho sephondo soLwimi neMathematika sootitshala kumaBakala 1 – 6. Uqeqesho lokugqibela lubonelelwe ngereyithi ezizikolo eziyi-250 ngonyaka kumjikelo ofuna iminyaka emibini elandelelanayo. Iikhosi zeeveki ezimbini zibonelelwa e-*Cape Teaching and Leadership Institute* qho ngonyaka kule minyaka mithandathu idlulileyo ngeeholide zikaJuni.<br><br>Nakuba kunjalo akukabikho sicwangciso songameleyo esijongene nootitshala ngqo sokulawula ezi program, nesisebenze njengamaphulo ongenelelo ngoncedo engqiqo kungekho namodeli ikhoyo yamaziko yokuwalawula.<br>Ingcaciso yeemfuno zoqeqesho ezithe ngqo zootitshala azikafakwa kwiiprofayili yaye akukahlanganwa nazo ngokucwangcisiweyo. Isebe alikaqalisi program ethe ngqo ukucebisa nokulawula uqhagamshelwano nee-HEIs ngokumaluga noqeqesho lwaphambi kokungena enkonzweni. Iphulo elilindelekileyo i-*broad-band initiative* ngaphezulu libonisa imfuno engundoqo yokuba ootitshala baqeqeshwe ekuqhubeni i- *e-learning*.<br>Uphuhliso lootitshala *(Professional development*) njengemodeli epheleleyo ngexesha lokuzinza kwekharityhulam alukaqwalaselwa ngendlela yokuthathela ingqalelo yonke imiba yaye ngoku oku kuchazwe njengeprayorithi ephambili. |
| **Injongo 1.2 ecwangcis-we ngobuchule** | **Ukuphucula inkxaso yezolawulo nelolunye uhlobo kwizikolo ngokuthi zincediswe ngezigaba ngeenkonzo zekhompyutha.** |
| Inkcazo yenjongo | 1. Ukubonelela ngeenkonzo ezigunyazisiweyo ezikolweni ngokusebenzayo nokulandelelwa kwamanqanaba okoneliseka ngenkqubo yezikhalazo nangesaveyi yokoneliseka kwabenzelwa iinkonzo yaqho ngonyaka (*annual customer satisfaction survey).*<br>2. Ukusetyenziswa kweenkonzo zekhompyutha ngokungaphezulu ukukhawulezisa ukwenziwa kweenkonzo nokuphelisa ukusilela ukwenzela ukuba iinkonzo zeSebe iWCED zenziwe kwizikolo, kootitshala, kubazali nakubafundi nangaliphi na ixesha naphi na. (I-*e-Administration*)<br>3. Ukucwangcisela ezemfundo kuqhutywe yidatha yaye kuphendulwe ngokuqhubekayo |

| | |
|---|---|
| Inkcazo eyandlalelayo | Kule minyaka mi-5 idlulileyo, iSebe iWCED ligxininise ekwenzeni inkonzo okuphuculweyo nokuqulunqwa kweenkqubo nee-aplikheyishini *(application)* zeenkqubo zokwenziwa komsebenzi nokulandelela ukwaneliseka kwabenzelwa iinkonzo ngeesaveyi zaqho ngonyaka.<br>**Iinkonzo zekhompyutha ii-*Online services* eziqaliswe kwiminyaka 2010 - 2014 zibandakanya:**<br><br>**I-*IMS:*** Ifasilithi yokulandelela amaxwebhu/imibandela engenisiweyo/exeliweyo.<br><br>**I-*EduInfoSearch* (esetyenziswa ngaBaphathi)**<br>Ukuphuculwa komgangatho okuvumela ukunika ingxelo kwezolawulo kwimisebenzi eyenziweyo kwi-*Annual Performance Plan (APP)*, kubandakanywa ifasilithi i-*dashboard facility* ne-*automation* yezi nkqubo zilandelayo:<br>- Ukubonelelwa ngezithuba zengqesho (kubandakanywa nezithuba zokukhula kwamanani abafundi)<br>- Izikolo "eziNgabizi ziFizi" :<br>- Utshintsho kwizifundo nakumabakala<br>- Iisaveyi<br><br>**I-*Central Education Management Information System (CEMIS)* (esetyenziswa zizikolo)**<br>- Ukuphuculwa okungamandla ukuvumela oku kulandelayo:<br>- uku-odola iincwadi zezifundo nezokwenza umsebenzi, izinto zokubhala, ifanitshala nezinto zokucoca<br>- iintlawulo ezenziwe ngoomatshini eziya ezikolweni<br>- izikim zothutho lwabafundi<br>- ingcaciso ngamabhunga olawulo ezikolo /iimanyano zabasebenzi<br>- izicelo zeZikolo "eziNgabizi ziFizi "<br>- ukwenziwa kwikhompyutha kweziCwangciso zoPhuculo lweZikolo *(School Improvement Plans*) nenkqubo i-*School Improvement Monitoring*<br>- ISaveyi yoKwaneliseka kwaBenzelwa iiNkonzo<br>- IiSaveyi eziQuphayo zaqho ngoNyaka (*Annual and Snap surveys*)<br>- Intsebenzo yeKota yeSikolo<br>- Ukungabikho kwabafundi ngeKota (*Quarterly Absenteeism*)<br>- Amaxwebhu ii-*GET recording sheet*<br>- Iimvavanyo zenkqubo yezemfundo zamaBakala 3,6 & 9<br>- Amanqaku ee-*Annual National Assessment*<br><br>**I-*NPO database***: Ifasilithi yokufaka ingcaciso emalunga ne-*Non-Profit Organisations ezisebenza ezikolweni.*<br><br>**I-D*MIS*:** Ifasilithi yokufaka ukutyelelwa kwezikolo ukuzinika inkxaso, ukubekwa mgangathweni mnye kweenkqubo zezithili zokwenza umsebenzi.<br><br>**I-*e-Recruitment*:** Ifasilithi yokufaka iSivi (*Curriculum Vitae*) kwikhompyutha nokwenza isicelo sezithuba zengqesho zootitshala.<br><br>**I-*Human Capital Leave Management System (HCLMS):*** Ifasilithi yokulandelela ukuhamba isikolo kootitshala nekhefu, ulawulo lwe-*electronic pay-sheet control management*<br><br>**Izikolo eziKhuselekileyo :** Ifasilithi yokufaka iziganeko ezimalunga nokusebenza kweli ziko.<br><br>**I-*Corporate Telephonic Directory***: Idayirekhtri i-*electronic telephonic directory* yabasebenzi bakwandlunkulu nabezithili.<br><br>**I-*CONMIS*:** Ifasilithi yokufaka ingcaciso yeemvumelwano *(contract information*.)<br><br>**Isistim i-*CASE Management System:*** Ifasilithi yokufaka ingcaciso emalunga nemisebenzi engobudlelane babasebenzi apha ngaphakathi kwisebe.<br>**IIMVIWO (*EXAMS)*** Ukuqulunqwa kweesistim ezisekelayo eziyi- 34 zokunika inkxaso iinkqubo zeemviwo zematriki neze-*ANA*. |

| | |
|---|---|
| | **I-*Cashier Receipt System:*** Ifasilithi yokufaka iintlawulo nokwenza iirisithi kwi-*WCED Walk-in Centre.*<br><br>**Ukwenza isicelo sebhasari kwikhompyutha (*Online Bursary Application*):** Ifasilithi yokufaka ingcaciso emalunga nezicelo zeBhasari.<br><br>**I-*SLIMS***: I-*Online Library Management Information System* yeelayibrari zemfundo.<br><br>**Isixhobo i-*GIS Infrastructure and Planning tool***: Isixhobo se-*Spatial mapping tool for planning* ngokwendawo yesikolo esitsha.<br><br>**Iziko lewebhu leKharityhulam entsha (*New Curriculum website*):** Isixhobo solawulo lwekhontenti ngaBacebisi bezeKharityhulam nabacwangcisi bezekharityhulam abakhulu ukufaka ingcaciso yezekharityhulam.<br><br>**I-*SAMI***: Ifasilithi yolawulo lwengcaciso engabafundi abangafakangwa zikolweni<br><br>**Ii-*Online Exams Forms***: Ifom yesicelo kwikhompyutha (*online application form*) kuBhaliso lweSatifikethi seMatriki (abaviwa bezikolo ezizimeleyo).<br><br>**I-*D6 Communicator* :** Ifasilithi yeziko lewebhu lokomeleza unxibelelwano phakathi kwee-ofisi zezithili nezikolo (elingwe kwizithili semfundo sase-*metro east).*<br><br>**I-*EXAMS MIS:*** I-*Web interface ye-EXAM results*<br><br>**I-*Schools Science Inventory List:*** Ifasilithi yokurekhoda ingcaciso emalunga nezixhobo zesayensi ezikolweni.<br><br>**ULuhlu lweZithuba :** Ukomelezwa kwesistim ukuvumela ukufakwa kwezithuba ezipapashiweyo kwinqanaba lezikolo.<br><br>Sele kwenziwe izicwangciso ezingaphezulu kusetyenziswa idatha nocazululo lwayo. Konke oku kusetyenziselwa ukwenza uqikelelo kwanokuqinisekisa ukuba izicwangciso namanyathelo zisekelwe kubungqina.<br><br>Le minyaka mi-5 izayo iyakwakhela yaye yandise phezu kwala manqwanqwa. |

**Ukuthathelwa ingqalelo kwezibonelelo**

Imiba yezibonelelo edweliswe apha ngezantsi ithathelwe ingqalelo xa kuqulunqwa iinjongo zobuchule.

Iimpawu zenkcitho (*Expenditure trends*)

IProgram 1 ine- 7 % yebhajethi iyonke eyabelwe yona ku- 2015/16.



| ICandelo leMfundo yePhondo-Imiba ephambili | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | **2012/13** | **2013/14** | **2014/15** | **2015/16** | **2016/17** | **2017/18** |
| | **Eyiyo kanye** | **Eyiyo kanye** | **Eqikelelweyo** | **Eqikelelweyo** | **Eqikelelweyo** | **Eqikelelweyo** |
| **Iintlawulo ngeprogram nganye (R'000)** | | | | | | |
| **1. Ezolawulo** | **992,428** | **1,032,806** | **1,222,754** | **1,410,236** | **1,414,510** | **1,505,085** |
| 2. Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo | 10,445,476 | 11,359,028 | 12,083,075 | 12,854,456 | 13,711,569 | 14,416,766 |
| 3. Iinkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo | 72,697 | 84,648 | 90,326 | 95,384 | 99,544 | 104,521 |
| 4. Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa | 820,101 | 910,338 | 1,045,531 | 1,059,085 | 1,115,143 | 1,182,555 |
| 5. Imfundo noPhuhliso lwaBantwana aBasaqalaayo | 383,894 | 465,535 | 515,449 | 619,191 | 649,810 | 683,278 |
| 6. Uphuculo lweziseko zophuhliso | 750,672 | 1,054,312 | 1,397,772 | 1,427,227 | 1,281,939 | 1,288,320 |
| 7. Iinkonzo zoviwo nezemfundo ezinxulumene nazo | 188,399 | 204,553 | 253,717 | 279,349 | 290,211 | 262,406 |
| | **13,653,667** | **15,111,220** | **16,608,624** | **17,744,928** | **18,562,726** | **19,442,931** |

Indlela yokwahlula ibhajethi yeProgram 1 :



| BT 101 | Ezolawulo-Iimpawu eziphambili | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | **2012/13 Eyiyo kanye** | **2013/14 Eyiyo kanye** | **2014/15 Eqikelelweyo** | **2015/16 Eqikelelweyo** | **2016/17 Eqikelelweyo** | **2017/18 Eqikelelweyo** |
| Iintlawulo ngeprogram esekelayo nganye (R'000) | | | | | | |
| 1.1 I-ofisi yoMphathiswa wezeMfundo (*MEC)* | 6,340 | 6,117 | 7,803 | 8,118 | 8,656 | 9,211 |
| 1.2 IiNkonzo zeZiko | 235,798 | 238,351 | 269,088 | 275,742 | 293,762 | 312,237 |
| 1.3 Ulawulo lwezeMfundo | 726,514 | 758,600 | 906,269 | 1,085,092 | 1,067,537 | 1,137,851 |
| 1.4 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi | 1,637 | 834 | 6,054 | 6,372 | 6,723 | 7,062 |
| 1.5 ISistim yoLawulo lweNgcaciso yezeMfundo (i-*EMIS)* | 22,139 | 28,904 | 33,540 | 34,912 | 37,832 | 38,724 |
| Itotali | **992,428** | **1,032,806** | **1,222,754** | **1,410,236** | **1,414,510** | **1,505,085** |
| Iintlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000) | | | | | | |
| Iintlawulo zaNgoku | 822,395 | 907,475 | 1,128,529 | 1,318,960 | 1,319,682 | 1,405,232 |
| Imbuyiselo yabaqeshwa | 631,327 | 695,123 | 787,261 | 821,258 | 878,266 | 937,506 |
| ►Ootitshala | 132,580 | 145,978 | 165,327 | 172,466 | 184,438 | 196,879 |
| ►Abangezotitshala | 498,747 | 549,145 | 621,934 | 648,792 | 693,828 | 740,627 |
| Iimpahla neenkonzo nokunye (*current)* | 191,068 | 212,352 | 341,268 | 497,702 | 441,416 | 467,726 |
| Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali | 103,067 | 94,115 | 56,945 | 57,603 | 60,771 | 63,811 |
| Iintlawulo zee-asethi ii-*capital assets* | 48,730 | 18,950 | 32,716 | 28,844 | 28,962 | 30,692 |
| Iintlawulo kwii-asethi zezemali | 18,236 | 12,266 | 4,564 | 4,829 | 5,095 | 5,350 |
| Itotali | **992,428** | **1,032,806** | **1,222,754** | **1,410,236** | **1,414,510** | **1,505,085** |

Iimpawu kumanani abasebenzi abaphambili

| Iprogram 1 | 2011/12 Eyiyo kanye | 2012/13 Eyiyo kanye | 2013/14 Eyiyo kanye | 2014/15 Eqikele-lweyo | 2015/16 Eqikele-lweyo | 2016/17 Eqikele-lweyo | 2017/18 Eqikele-lweyo | 2018/19 Eqikele-lweyo |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Ootitshala | 126 | 114 | 123 | 127 | 127 | 127 | 127 | 127 |
| Abangezo-titshala | 751 | 685 | 755 | 872 | 872 | 872 | 872 | 872 |
| Itotali | 877 | 799 | 878 | 999 | 999 | 999 | 999 | 999 |

Imiba ekubonelelweni kwee-*key inputs*

*Izibonelelo ii-E-admin Resources*

ISebe iWCED lenza izicwangciso zokwandisa isibonelelo se- *e-administration* kule minyaka imbalwa izayo ukuphucula ukusebenza kakuhle kweesistim nokomeleza ukuphathwa kwe-ICT ezikolweni. Ukubonelela ngezixhobo ubukhulu becala kuya kwenziwa ngezigaba ngokuhlaziywa kwezixhobo ze-IT, ii- *e-admin ICT equipment,* ezitshintshwa ngezigaba ukomeleza unxibelelwano (*connectivity)* nokuqinisekiswa kwe-*basic software licensing*, ukwenzela ukuba izikolo zixhamle ngokwamanqanaba ezoqoqosho.

I-*WCED's core learner tracking system*, ne*CEMIS*, ziya komelezwa ukuzingqinelanisa nesistim i-*national school administration management systems*, i-*LURITS* neSA-SAMS, lo gama kulungelelaniswa izibonelelo zokusiwa kweenkqubo zephondo ii-*provincial automated business processes* nokuqokelelwa kwe-*key operational data* eyimfuneko ukuxhasa izicwangciso zezemfundo zephondo.

Ngokungqinelana nombono weSebe i*WCED's e-vision*, ngaphandle kwezibonelelo ezingundoqo zokubonelela ngekharityhulam kwakulo platfom inye, ukuqaliswa kwe-*provincial Broadband Project*, ukubonelela ngofikelelo oluya komeleza amava ezikolo i-*school user-administration experience,* kuya kuvumela ukubonelelwa okungaphezulu nge-*administrative application offerings* nokuphucula ezonxibelelwano kunye naphakathi kwamaziko emfundo.

**Ulawulo lwenkcitho eyilahleko (*Risk management)***

| Inkcitho eyilahleko | Isisombululo esicetyiswayo |
|---|---|
| 1. Inkcaso kwizicwangciso zoqeqesho esele zimiselwe *(Pre-set training proposals*) ngamaziko azi-*Higher Education Institutions* | Ukuseka ikomiti emiselweyo yokuthethana ne-*Higher Education Institutions* yaye kubekho iintlanganiso ezicwangcisisweyo. |
| 2. Isicwangciso soPhuhliso looTitshala sihlangabezana nenkcaso kootitshala neemanyano zabasebenzi. | Ukuthethana okuqhubekekayo namaqela abaqeshwa kwi-*PELRC* namanye amaqela achaphazelekayo. |
| 3. Ludlelelelwe uthatho-nxaxheba ngootitshala naziimanyano zabasebenzi kumsebenzi wokwenza iiprofayali zootitshala neprogram yezikhuthazi (*profiling exercise and incentive programme)*. | Iprogram yenkxaso emandla neqhubekekayo nothatho-nxaxheba olunezikhuthazi *(incentivized participation).* |
| 4. I-*CEMIS* yayakhelwe kwiplatfom elaliyilelwe ukulungiselela iinkqubo ezongezelelweyo ii-*automated business processes ne-mobile technology.* ISebe i*WCED* lifikelela kumqobo ngokobungakanani *(capacity*) kwi-Intanethi. | Ukufuduswa kwe-*CEMIS* isiwe kwiplatfom enako ukusebenza kwi-*e-Education Wide Area Network.* |
| 5. Ubungakanani (capacity) (ubukhulu becala ngokwe-*technical mandate of CeI*) yangoku efunekayo ukulungiselela umbono we-e-*Education* wezikolo abukacaci ncam yaye oku kuya kufuna ukuqwalaselwa rhoqo. | Ukujongisiswa kwezicwangciso zophunyezo rhoqo kunye/okanye ukuhlaziya i-oganogram ukulungiselela uphunyezo lwezigaba ngezigaba. |

## Iprogram 2

## Injongo

Ukubonelela ngemfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ukususela kumaBakala 1 ukuya kwiBakala 12 ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika noMgaqo-nkqubo i-*White Paper* 6 ngemfundo ebandakanya bonke abafundi. Kukwabandakanywe ne-*E-learning*.

Iimali kule program zibandakanya *iintlawulo* zazo zonke iimpahla neenkonzo ezithe ngqo ekubonelelweni kwemfundo kumaBakala 1-12 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo. Iimpahla neenkonzo zithengwa lisebe, yaye iintlawulo ezenziwa ngoomatshini kwizikolo zeSiqendu 21 ezivela kurhulumente zibandakanyiwe apha. Iimali azizibandakanyi iintlawulo kwiziseko zophuhliso nakwiinkonzo ii-*professional services* (kubandakanywa imisebenzi yezemfundo)

| ***Injongo yeProgram/yeProgram eSekelayo*** | ***Iimpahla, iinkonzo neentlawulo ezibandakanyiweyo nezingabandakanywanga*** |
|---|---|
| 2.1 Inqanaba lezikolo eziziiprayimari zikarhulumente | |
| Ukubonelela izikolo zikarhulumente eziziiprayimari ezikhethekileyo ngezibonelelo ezifunekayo (kubandakanywa nemfundo ebandakanya bonke abafundi)<br>kunye nezibonelelo ezifunekayo kwinqanaba leBakala 1- 7. | *Apha kubandakanywa zonke iimpahla neenkonzo zeprogram 2 ezisetyenziswa ezikolweni ngokwazo*, okanye iimpahla, iinkonzo okanye iintlawulo ezabelwe izikolo umz. ootitshala ngemodeli yezithuba zengqesho (*post provisioning model*) nabakumaziko; iimali ezithile zezikolo ngqo (*school-specific funds)* ezabiwe ngeMimiselo neMigangatho yoLwabiwo-mali (*Norms and Standards for School Funding*), apho ezi zibonelelo zisetyenziselwa imfundo kwisigaba samaBakala 1 - 7.* |
| *2.2 Inqanaba lezikolo eziziisekondari zikarhulumente* | |
| Ukubonelela izikolo zikarhulumente eziziiprayimari ezikhethekileyo ngezibonelelo ezifunekayo (kubandakanywa nemfundo ebandakanya bonke abafundi) kwisigaba senqanaba lamaBakala 8-12 | *Apha kubandakanywa iimpahla neenkonzo zeprogram 2 ezisetyenziswa ezikolweni ngokwazo, okanye iimpahla, iinkonzo okanye iintlawulo ezabelwe izikolo umz. ootitshala ngemodeli yezithuba zengqesho (post provisioning model) nabakumaziko; iimali ezithile zezikolo ngqo (school-specific funds) ezabiwe ngeMimiselo neMigangatho yoLwabiwo-mali (Norms and Standards for School Funding), apho ezi zibonelelo zisetyenziselwa imfundo kwisigaba samaBakala 8 - 12. ** |
| *2.3 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi* | |
| Ukubonelela ngeenkonzo zesebe kuphuhliso lootitshala nakwabo bangezotitshala kwizikolo zikarhulumente (kubandakanywa nemfundo ebandakanya bonke abafundi). | *Oku kubandakanya iimpahla neenkonzo zeprogram 2 ezifunekayo kuqeqesho lo gama besenkonzweni* abasebenzi abasezikolweni, kubandakanywa neenkonzo zabaqeqeshi bootitshala, nemfundo i-*distance education* efunyanwa ngeebhasari zootitshala.<br>*Ayibandakanwa i-HRD* ebonelelwa sisikolo ngokwaso kusetyenziswa izibonelelo ii-*Norms and Standards resources.* ** |
| *2.4: Imidlalo yezikolo, iinkonzo zezenkcubeko nezemidiya eNtshona Koloni ziyinxalenye yesigunyaziso seSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo* | |
| *5 Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango* | |
| Ukubonelela iiprojekthi** eziphantsi kweprogram 2 ezicaciswe liSebe leMfundo esiSiseko ezixhaswa ziigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango | |
| * *Izikolo ezidityaniswe ngokupheleleyo*, o.k.t izikolo ezinabafundi abathile kumaBakala 1- 7 nabanye abafundi kumaBakala 8-12, zingalungiselelwa ukuba elona bakala liphezulu lifundiswayo ibe liBakala 8. Akukho zikolo zinokwahlulwa phakathi kweeprogram, ngamanye amazwi (kubandakanywa imisebenzi yezemfundo equka konke.<br>**Kubandakanywa imisebenzi yezemfundo equka konke | |

### Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule *(strategic objectives)*

| **Injongo 2.1 ecwangciswe ngobuchule** | **Ukuqulunqa nokuphumeza ulawulo lwekharityhulam yephondo nezicwangciso zenkxaso** |
|---|---|
| Inkcazo yenjongo | 1. Ukuqulunqa nokuphumeza isicwangciso solwimi esiqinisekisa ukuba<br>- Bonke abafundi bayayifezekisa imimiselo yokuchebeleza ukufunda nokubhala emiselweyo ngokweBakala kwizikolo eziziiprayimari<br>- Iprogram yoqeqesho lo gama usenkonzweni *(in-service training programme)* ngokusekelwe kwiimfuno eziqatshelwe ngocazululo lweemvavanyo zolwimi zamaBakala 3, 6 no- 9 nee-*ANAs*<br>2. Ukuqulunqa nokuphumeza isicwangciso semathematika esiqinisekisa ukuba<br>- Kugxininiswa ngakumbi kwiikhonsepthi zeMathematika kwiSigaba seSiseko. Kwiminyaka yepriskuli *(pre-school years*) ngakumbi kwiBakala R, kugxininiswa kwizakhono zokubala ii-*pre-numeracy skills.*<br>- Kukho ukugxininisa ekuphuculeni umgangatho wokufundiswa kweMaths kwizifundo kugxininiswa kwiSigaba sesiseko<br>3. Abafundi besikolo esiphakamileyo abanezakhono zokwenza iMathematika bayaqatshelwa yaye babhaliswe kwiMathematika.<br>4. Ukuqulunqa nokuphumeza isicwangciso solawulo lwekharityhulam ukwenzela ukuphuculwa komgangatho wezifundo zeSayensi nezoBugcisa (*Science and Technical subjects*)<br>5. Ukuqulunqa nokuphumeza isicwangciso solawulo lwekharityhulam sokujongana neemfuno ezizodwa kwiSigaba seSiseko nesiPhakathi.<br>6. Ukuqulunqa nokuphumeza isicwangciso somsebenzi ukunika inkxaso ekucwangciseni izifundo zekharityhulam. |
| Inkcazo eyandlalelayo | Kukho isiCwangciso sephondo *i-Literacy and Numeracy Strategy* nese-*Mathematics and Science* kwiZikolo eziPhakamileyo. Kufuneka zihlaziyiwe. Ezi nguqulelo zihlaziyiweyo ziya kuba sisicwangciso esinye seMaths *(highly specified Maths strategy*) sesikolo sesikolo sonke esiqhubekayo nesikwabandakanya imiba ye-*Maths Literacy*. Akukho mimiselo emiselweyo yokufunda nokubhala ngokwebakala ngalinye kwiSikolo esiyiPrayimari. Isicwangciso esihlaziyiweyo soLwimi (*Language strategy*) siya kuqulunqa imiba ecacisa oku (*specifications*). |
| **Injongo 2.2 ecwangciswe ngobuchule** | **Ukuqinisekisa ulawulo oluphuculweyo lwezikolo** |
| Inkcazo yenjongo | Ukuqulunqa iiprogram zenkxaso neeshedyuli zongenelelo ngoncedo ezibonelela ngoku kulandelayo:<br>1. Ukuqinisekisa ngolawulo oluluqilima lwekharityhulam kuzo zonke izigaba zesikolo, yaye kuqwalaselwe ngamandla kwiSigaba seSiseko<br>2. Izicwangciso zolawulo lwesikolo ziya kujongana neemfuno zokufunda zomfundi ngokuyimpumelelo kwinqanaba lesikolo esiphakamileyo<br>3. Iikhrayitheriya zokuqeshwa ziya kubandakanya ubuchule benqununu ukukhokela iinkqubo zolawulo lwekharityhulam ezikolweni<br>4. I-*SMT* iya kunikwa inkxaso ngokujongana nemiba yezolawulo xa iyonke kubandakanywa ukuziphatha kakubi nokungabikho esikolweni njl.njl.<br>5. Ulawulo lwezikolo luya kuqinisekisa ukugxininisa okukodwa kubafundi<br>6. Ulawulo lwezikolo ukwamkela ukuba nokuphendula ngokuqhubekayo ukulungiselela ukusebenza kwazo ngokupheleleyo.<br>7. Uqeqesho nenkxaso kumalungu eBhunga loLawulo leZikolo nokubeka esweni iindima nemisebenzi yawo<br>8. Ukuphucula ukwandiswa kwamaxesha nomgangatho weenkonzo zokubeka esweni nenkxaso ebonelelwa zii-ofisi zezithili zemfundo ezikolweni |

| | |
|---|---|
| Inkcazo eyandlalelayo | 1. Indima nemisebenzi yenqununu yesikolo ne*SMT* njengabaphathi bekharityhulam (*curriculum managers*) babe yinxalenye yoqeqesho ngokuqalwa kwe-*Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS*) kodwa oko akukhange kulandelwe ngendlela njengenxalenye yephulo longenelelo ngoncedo lobambiswano okanye amaphulo afanayo okuqaliswa koku. Ulawulo lwekharityhulam olusebenzayo luya kuqinisekisa ukucwangciswa kwamaxesha *(timetabling*), izicwangciso zokugxininisa kwizifundo ezifundiswayo ezikolweni ukwenzela ukuba zibonelele ngesiseko esisiso kwezengqesho okanye ukuqhubeka nezifundo ezizezinye ezinokufundiswa ngokuyimpumelelo ngootitshala abaqeqeshiweyo neengcebiso ngamakhondo omsebenzi, uvavanyo nokulungela ukufundisa kootitshala. Kuya kuqulunqwa izicwangciso nenkxaso ukuncedisa kuko konke oku.<br>2. Isicwangciso kukuphucula ugxininiso kubafundi ukuqinisekisa ukuba kubo bonke abafundi kuhlangatyezwene nazo zonke iimfuno zabo zokufunda. Oku akubandakanywanga ngokumiselweyo kwisicwangciso ngaphambili.<br>3. Zicetyisiwe izikolo ngeenkqubo ezifunekayo ekuqeshweni kweenqununu kodwa indima yenqununu njengomlawuli wekharityhulam kufuneka yaziwe yaye ukwaziwa kwabagqatswa abafanelekileyo kweso sithuba sengqesho senqununu, ifanele ukuba yesekelwe kumava nezakhono zoku.<br>4. ISebe iWCED belibonelela ngeeprogram zophuhliso ukuncedisa ekuqubisaneni nokuziphatha kakubi kwabafundi. Eli thuba liya kwandiswa ukuqinisekisa ukugxininisa ekuhambeni isikolo zezo zikolo zifunyenwe yile mingeni.<br>5. Lo gama ukugxininisa kumfundi bekukhankanywa njengomba ochazelweyo kule sistim, ibingelo gxininiso lucace gca. Ukugxininisa okutsha kuyinxalenye yephulo lokuguqula izinto lentsebenziswano yamasebe kwephondo ngokubhekiselele kuPhuhliso loLutsha.<br>6. Kukho izixhobo ezininzi ezigxininisa koku umz. iithagethi kwi-*School Improvement Plans*, i-*Integrated Quality Management System*, i-*Code of Conduct* neerivyu zentsebenzo. Kuya kubakho ukwanda kugxininiso lweesistim ezihlangeneyo ukwenzela ukuba nokuphendula ngokuqhubekayo okucacileyo.<br>7. ISebe iWCED longamele unyulo lwamaBhunga oLawulo eZikolo yaye libonelela ngoqeqesho nenkxaso kulo. Kuqulunqwe iphulo lobambiswano elixhaswa ngezimali kunye ne-*Governing Body Associations* ukwenzela ukuqhutywa koqeqesho.<br>8. Indima yegosa lesithili nobunjani nekhontenti yokuhambela izikolo ukuzinika inkxaso kude kube ngoku ibingekacaciswa kakuhle ukwenzela inkxaso namaphulo ongenelelo ngoncedo alandelelanayo. Ukususela ngo-2014 izikolo bezahlulwe zangamahlelo ama-4 yaye ezo zifuna uqwalaselo olumandla zihanjelwa ngokungaphezulu kunezinye. Ukuhanjelwa kwezikolo okwaziwa njenge-*School Improvement Monitoring* kugxininisa kwisethi yeenkalo ezimiselweyo yaye kunikwa ingxelo ngazo qho ngekota. Ukuhanjelwa kwazo zizithili kunikwa ingxelo ngako kwisistim ebizwa ngokuba yi-*DMIS* (*District Management Information System)*. |
| **Injongo 2.3 ecwangciswe ngobuchule** | **Ukuqinisekisa ukufundiswa kwekharityhulam kubo bonke abafundi yaye kugxininiswa ngakumbi kwabo bafundi baneemfuno ezingamandla.** |
| Inkcazo yenjongo | 1. Ukwandisa ufikelelo kwiilayibrari nakwizibonelelo zokufunda ngokwakha nokuhlaziya iiprogram, amaphulo obambiswano nephondo neelayibrari zoomasipala, ukuthenga izibonelelo zelayibrari ngesabelo semimiselo nemigangatho yolwabiwo-mali nesicwangciso i-*e-learning strategy*<br>2. Ukuphucula inqanaba lobambiswano ukulungiselela abafundi kubandakanywa nabo bonke abathathi-nxaxheba, amanye amasebe karhulumente, oomasipala nabazali. Iprogram ifanele ukuphucula umgangatho noqeqesho lwabaphathi besikolo nokwandisa inkxaso yabazali kwizikolo nakubantwana babo<br>3. Ukuphumeza ukudityaniswa kwezikolo okulungiselela ngeyona ndlela ibhetele abafundi nokucwangcisa usetyenziso olukhulu lweehostele nokumiselwa kweendlela zezikim zothutho lwabafundi<br>4. Ukuqinisekisa ukugxininisa kwisicwangciso sokubonelelwa kwemfundo emaphandleni.<br>5. Ukuqinisekisa ufikelelo kwikharityhulam efundiswayo. Oku kufanele ukubandakanya iingcebiso eziphuculweyo malunga nokukhethwa kwezifundo |

| | |
|---|---|
| | kubandakanywa izifundo ii-*vocational and technical subjects* zabafundi abaqatshelweyo ngokwemimandla yejografu.<br>6. Ukubonelela ngezakhiwo (makujongwe iProgram 6) nezixhobo zokunika inkxaso ukufundisa nokufunda nokwandisa kakhulu iziphumo zokufunda. Ukuqinisekisa ukuba iziseko zophuhliso ezizizakhiwo zezikolo *(physical infrastructure*) nendawo engqonge isikolo ngasinye, ziyabakhuthaza abafundi ukuba bafune ukuza esikolweni yaye bafunde, nootitshala bafundise.<br>7. Ukuphumeza iprogram i-*E-learning* ukomeleza ukuqhuba kwababafundi kwizifundo |
| Inkcazo eyandlalelayo | 1. Kwakhiwa izikolo ezitsha ezinefasilithi yaselayibrari yaye izikolo eziyi-1 252 zinazo iifasilithi zaselayibrari. Izikolo eziyi-87 zenzelwa iinkonzo ngeelayibrari eziyi-7 eziziimobhayili (*mobile libraries*). Iilayibrari zeeklasi okanye iincwadi nezinye izinto zokufunda ezisisipho (*donated library materials*) zikhona kwezinye izikolo yaye izikolo zingamahlakani neelayibrari zengingqi. Iinkonzo zeelayibrari zezemfundo (*education library services*), u-*Edulis,* ubonelela ngeencwadi nezinye iznto ezikolweni nakootitshala kubandakanywa ukufikelela ku-intanethi *(online access*) kwiincwadi nokunye neejenali. Ziyakhunjuzwa qho ngonyaka izikolo ngemfuno yokuchitha izabelo-mali zemimiselo nemigangatho kwizibonelelo zaselayibrari ukwenzela ukuba kubekho iincwadi ezilishumi ezifumanekayo ngomfundi ngamnye.<br>2. Kukho ubambiswano olukhoyo apha kumasebe karhulumente kwiphondo ngokumalunga neenkonzo zelayibrari, imidlalo, ubugcisa nenkcubeko, iinkonzo zempilo, ukhuseleko lwabantu ekuhlaleni, ezothutho nemisebenzi karhulumente. Ukongeza apho iintlanganiso zarhoqo namaphulo obambiswano kwinqanaba likamasipala, zinceda ekwenzeleni izikolo iinkonzo nasekuthengeni amaziko neenkonzo. Ubudlalane namaqela achaphazelekayo bubandakanyiwe kuxwebhu lweprothokholi yaye kukho indlela yokusebenza nentlanganiso zaqho namabhunga olawulo ezikolo, iiforam zezikolo namaziko emfundo aphakamileyo. Ukongeza apho kukho iimvumelwano zokwenziwa kwenkonzo namashishini anika inkxaso (*sponsoring businesses*) nemibutho engenzi nzuzo eyenza iinkonzo ezikolweni okanye encedisa ngeeprogram zokunika inkxaso ikharityhulam. Kwithuba leminyaka emihlanu ezayo ifuthe lezi program liya kulinganiselwa yaye litshintshwe apha naphaya ngokufanelekileyo.<br>3. ISebe i*DBE* libonise ukuba uhlenga-hlengiso ezikolweni yinkqubo engenakuthintelwa yaye onke amaphondo afanele ukuyibandakanya kwizicwangciso zawo zeminyaka emihlanu. ISebe iWCED liqaphele izikolo ezinezibonelelo zeziseko zophuhliso ezingonelanga kwiiprophathi eziqeshiweyo yaye iqela lezinye zinokuxhamla ekubeni zidityaniswe kwezinye okanye izikolo ezibini ezisondeleleyo zidityaniswe ngenxa yokuhla kwamanani abafundi kuzo. Kubalwe iihostele neendlela zezothutho lwababafundi ezithile. Kuya kuqwalaselwa ngamandla ezi zinto ukuzingqinelanisa nezicwangciso zokusebenzisa ngeyona ndlela ibhetele umlinganiselo katitshala nomfundi: nokufikelela kwizikolo zezifundo zobugcisa.<br>4. Inkqubo yohlengahlengiso ibalulekile ngokubhekiselele kwizicwangciso zasemaphandleni yaye oko kuqatshelwe liSebe leMfundo eliSisiseko njengenye yeenkalo ezinyanzekileyo ukuba ziqwalaselwe kuzwelonke *(national "non-negotiable*"). Imiba yolwimi, ufikelelo, uphuhliso lolutsha namathuba okuqhubela phambili nezifundo awakaqwalaselwa kubalo lokwandlalela i-*baseline audit* ukubonelelwa kwamaziko amaphandle ngezibonelelo (*rural provisioning*). Amaphando angoku okubonelelwa kwamaziko ngezibonelelo, axhaswa zizicelo ezivela koomasipala, aya kunika ingcaciso eyandlalelayo koku.<br>5. Isaveyi yokwabiwa kofikelelo kwikharityhulam efundiswayo nakwizifundo *ii-vocational and technical subjects* kubafundi abaqatshelweyo kwezo nkalo ayikenziwa.<br>6. I-*User-asset Management Plan*, amaphando eepatheni zobhaliso ukubalwa kweehostele neendlela zothutho lwababafundi, iingxoxo nezithili noomasipala kunika inkxaso ukucwangcisa kwezikolo (makufundwe iProgram 6) ukunika inkxaso ukufundisa nokufunda nokuziphucula ngakumbi iziphumo zokufunda. Amaphulo obambiswano noomasipala, nabahlali nezinye ii-arhente, ii-*patrons* nabaxhasi (*benefactors)* zokulondolozwa nokuhlaziywa kwezakhiwo aya kuthagethelwa ukuqinisekisa ukuba iziseko zophuhliso nendawo ezingqongileyo kwisikolo ngasinye ziyabakhuthaza abafundi ukuba bafune ukuza kwezo sikolo bafunde yaye ootitshala bafundise. |

| | |
|---|---|
| | 7. Iprogram ye-*E-learning* ikwisigaba sokuqaliswa yaye ifanele ukuba nefuthe ekomelezeni intsebenzo kwizifundo. ISebe i*WCED* linezicwangciso zokwandisa ukufundiswa kwe-*e-learning* kule minyaka mi-3 ukuya kwemi-5 ezayo ukunika inkxaso umbono we-*e-vision* (makujongwe iinkcukacha apha ngezantsi phantsi ko-"IZibonelelo *(Resources*"). |

| **Injongo 2.4 ecwangciswe ngobuchule** | **Ukubonelela nenkxaso kwezentlalo neplatfom yophuhliso lolutsha** |
|---|---|
| Inkcazo yenjongo | 1. Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zixhaswa ngezimali kwelona nqanaba lisezantsi ngomfundi ngamnye.<br>2. Ukubonelela ngokuxoxelwa kokuhlawulwa kweefizi ukwenzela abafundi kwiimeko zabazali abangenako ukuhlawulwa iifizi ezifunwa zizikolo nezo zikolo zenza izicelo zokuxolelwa kwiifizi<br>3. Ukwandisa inani lezikolo "EzingaBizi zifizi", ukuba iimeko zezemali ziyakuvumela oko<br>4. Ukuphucula ufikelelo kwiinkonzo zezempilo ezikolweni ngokutya okunesondlo nangeeklinikhi eziziimobhayili<br>5. Ukujongana nemiba yokhuseleko ezikolweni ngeprogram yezikolo ezikhuselekileyo nangamaphulo obambisano namanye amasebe<br>6. Ukubonelela ngenkxaso ngokumalunga nokukhetha izifundo neengcebiso ngamakhondo omsebenzi. Ukuxhobisa ootitshala bakwazi ukuphendula kwiimfuno zabafundi begxininisa kumfundi ngamnye: Ukuncedisa abafundi bakhethe izifundo ezifanelekileyo kwibakala 9; ukubabonelela ngeengcebiso zokufunda; nengenye ingcaciso efanalekileyo nokuqinisekisa ukubandakanyeka kwabazali nonxibelelewano.<br>7. Ukuphumeza isiCwangciso soPhuhliso loLutsha *(Youth Development Strategy*) ngokwenza oku kulandelayo:<br>- Ukunika inkxaso i-*Mass Opportunity and Development Centres*, ngokuwabonelela ngenkxaso yasemva kokuphuma kwesikolo –ngakumbi kwiindawo ekungenako ukugcinakala amanani abafundi ezikolweni<br>- Iiprojekthi ze-*Internships (Premiers Advancement of Youth, Graduate Internship Project, Western Cape Youth Gap Year Project*) – ziphuhlisa izakhono nolwazi olujoliswe ekulungeleni ukusebenza nokuzuza ingeniso.<br>- Uphuhliso lwezakhono (*Youth Focus Project and Schools of Skills*) – amakhondo e-*vocational learning* nee-*occupational pathways*.<br>- ULawulo loKhuseleko kwezeMfundo *(Education Safety Management*) – ukuqulunqa amaphulo ongenelelo ngoncedo akhuthaza izikolo ezikhuseleke ngakumbi, abahlali bezikolo abazixhasayo nempilo-qete yabafundi.<br>- Ubunkokheli bolutsha neBhunga eliMele aBafundi (*Youth leadership and Representative Council of Learners (RCL*) – ukuphuhlisa izakhono nolwazi ekujoliswe kulo kuphuhliso lobunkokheli.<br>- *Impilo, unonophelo nenkxaso – iiprogram ze-HIV*/AIDS nezokufundisana koontanga *(peer education programmes)*.<br>- Uphuhliso lwezikolo – ukuphuhlisa izakhono nolwazi olungajoliswanga ekungeniseni imali umzekelo imfundo ngezobumi (*civic education*), ukusonjululwa kweengxabano, ulawulo lwezemali/lwamatyala nezempilo. |
| Inkcazo eyandlalelayo | 1.- 3. ISebe iWCED libonelela ngokuxolelwa kwabazali ukuhlawula iifizi nangenkxaso-mali ngomfundi ngamnye yaye liya kusebenzela ukuzilondoloza okanye ukwandisa ezi zinto njengoko iinkxaso-mali namanani akuvumelayo oko. Ngo-2013 izikolo ezibiza <R400 ngonyaka yeefizi zacelwa ukuba zibe "Zizikolo ezingaBizi ziFizi yaye ziyi-216 ezisamkelayo esi sicelo.<br>4. ISebe i*WCED* landise iprogram yokutyisa abantwana yayo ukubandakanya abafundi abafanelekileyo kwizikolo zenqanaba 4 no-5 yaye longeze isidlo sakusasa kule program yalo. Kubekwe bucala iimali ukuncedisa ekuthengweni kweeklinikhi eziziimobhayili, ukundwendwela izikolo ukuvavanya ukubona kwabo nokuva kwabo nenkqubela kwizigaba zokukhula kwabo, liSebe lezeMpilo ngo-2014.<br>5. Iprogram yokhuseleko lwezikolo yongeza izikolo ezitsha eziyi-50, ngokusekelwe kwiimfuno neengozi zoko kwiiprogram zaqho ngonyaka. Kukho iimvumelwano ezikhoyo ezisebenzayo neSebe *i-Department of Community* |

| Injongo 2.4 ecwangciswe ngobuchule | Ukubonelela nenkxaso kwezentlalo neplatfom yophuhliso lolutsha |
|---|---|
| | *Safety* ne-*South African Police* kwakunye ne-*Department of Social Development* ukuncedisa ekuboneleleni ngendawo engqonge isikolo ekhuselekileyo yokufunda. Ukubonelelwa kwamagosa aqeqeshiweyo ii-*school safety resource officers* kwizikolo eziyi-30 ngokusebenzisana no-*Metro Police* liphulo elitsha lakutshanje.<br>6. ISebe kungokunje lincedisa ekuboneleleni ngenkxaso ebonakalayo kootitshala ngokumalunga nokukhetha izifundo neengcebiso ngamakhondo omsebenzi. Yonke le miba kwinkcazo enikiweyo ifuna ugxininiso olutsha oluya kubonelelwa kule minyaka mihlanu izayo.<br>7. Le miba idweliswe apha ngentla iyinxalenye yemisebenzi yeSebe i*WCED* yangoku. Iphulo lokuTshintsha indlela yokwenza izinto (*Game changer*) linxulumene neNjongo yesiCwangciso soBuchule sePhondo *(Provincial Strategic Goal)* 2, nesigxininisa kwiprogram emva kokuba isikolo sivavanyiwe yaye liya kuqwalaselwa ngokuthathwa kwamanyathelo namanye amasebe ephondo nezinye ii-arhente kule minyaka mihlanu izayo njengenxalenye yesicwangciso soPhuhliso loLutsha *(Youth Development Strategy*) sephondo. |

**Ukuthathelwa ingqalelo kwezibonelelo**

IProgram 2 yabelwe 42 % yebhajethi iyonke.




| ICandelo leMfundo yePhondo-Imiba ephambili | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2012/13 | 2013/14 | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 |
| | Eyiyo kanye | Eyiyo kanye | Eqikelelweyo | Eqikelelweyo | Eqikelelweyo | Eqikelelweyo |
| **Iintlawulo ngeprogram nganye (R'000)** | | | | | | |
| **1. Ezolawulo** | **992,428** | **1,032,806** | **1,222,754** | **1,410,236** | **1,414,510** | **1,505,085** |
| 2. Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo | 10,445,476 | 11,359,028 | 12,083,075 | 12,854,456 | 13,711,569 | 14,416,766 |
| 3. Iinkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo | 72,697 | 84,648 | 90,326 | 95,384 | 99,544 | 104,521 |
| 4. Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa | 820,101 | 910,338 | 1,045,531 | 1,059,085 | 1,115,143 | 1,182,555 |
| 5. Imfundo noPhuhliso lwaBantwana aBasaqalaayo | 383,894 | 465,535 | 515,449 | 619,191 | 649,810 | 683,278 |
| 6. Uphuculo lweziseko zophuhliso | 750,672 | 1,054,312 | 1,397,772 | 1,427,227 | 1,281,939 | 1,288,320 |
| 7. Iinkonzo zoviwo nezemfundo ezinxulumene nazo | 188,399 | 204,553 | 253,717 | 279,349 | 290,211 | 262,406 |
| | **13,653,667** | **15,111,220** | **16,608,624** | **17,744,928** | **18,562,726** | **19,442,931** |

Indlela yokwahlula ibhajethi yeProgram 2 :

| BT 201 | Imfundo yeSikolo sikaRhulumente esiQhelekileyo – Imiba ePhambili | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | **2012/13 Eyiyo kanye** | **2013/14 Eyiyo kanye** | **2014/15 Eqikelelweyo** | **2015/16 Eqikelelweyo** | **2016/17 Eqikelelweyo** | **2017/18 Eqikelelweyo** |
| **Iintlawulo ngeprogram esekelayo nganye (R'000)** | | | | | | |
| 2.1 Inqanaba lezikolo eziziiprayimari zikarhulumente | 6,188,314 | 6,597,359 | 7,019,983 | 7,546,917 | 8,007,026 | 8,365,152 |
| 2.2 Inqanaba lezikolo eziziisekondari zikarhulumente | 3,914,964 | 4,400,697 | 4,670,330 | 4,898,502 | 5,262,059 | 5,584,250 |
| 2.3 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi | 82,930 | 82,944 | 77,350 | 81,486 | 99,338 | 103,856 |
| 2.4 Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango | 259,268 | 278,028 | 315,412 | 327,551 | 343,146 | 363,508 |
| **Itotali** | **10,445,476** | **11,359,028** | **12,083,075** | **12,854,456** | **13,711,569** | **14,416,766** |
| **Iintlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000)** | | | | | | |
| Iintlawulo zaNgoku | 9,798,650 | 10,589,365 | 11,263,114 | 12,048,690 | 12,784,456 | 13,440,098 |
| Imbuyiselo yabaqeshwa | 8,986,866 | 9,625,958 | 10,336,051 | 11,190,592 | 11,813,739 | 12,433,277 |
| - Ootitshala | 8,088,179 | 8,663,362 | 9,302,445 | 10,071,532 | 10,632,365 | 11,189,949 |
| - Abangezotitshala | 898,687 | 962,596 | 1,033,606 | 1,119,060 | 1,181,374 | 1,243,328 |
| Iimpahla neenkonzo nokunye (*current)* | 811,784 | 963,407 | 927,063 | 858,098 | 970,717 | 1,006,821 |
| Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali | 643,412 | 766,676 | 807,894 | 805,035 | 926,343 | 975,859 |
| Iintlawulo zee-asethi ii-*capital assets* | 3,414 | 2,987 | 12,067 | 731 | 770 | 809 |
| **Itotali** | **10,445,476** | **11,359,028** | **12,083,075** | **12,854,456** | **13,711,569** | **14,416,766** |



| BT 202 | INqanaba leSikolo esiyiPrayimari sikaRhulumente – Imiba ephambili | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | **2012/13 Eyiyo kanye** | **2013/14 Eyiyo kanye** | **2014/15 Eqikelelwayo** | **2015/16 Eqikelelwayo** | **2016/17 Eqikelelwayo** | **2017/18 Eqikelelwayo** |
| **Iintlawulo ngocazululo lwezoqoqosho (R'000)** | | | | | | |
| Intlawulo yangoku | 5,804,783 | 6,177,072 | 6,496,807 | 7,039,046 | 7,415,520 | 7,741,183 |
| Imbuyiselo yabaqeshwa | 5,499,978 | 5,903,023 | 6,170,963 | 6,735,261 | 7,075,481 | 7,383,790 |
| - Ootitshala | 5,004,979 | 5,312,720 | 5,553,866 | 6,061,735 | 6,397,933 | 6,645,411 |
| - Abangezotitshala | 494,999 | 590,303 | 617,097 | 673,526 | 707,548 | 738,379 |
| Iimpahla neenkonzo nokunye (*current*) | 304,805 | 274,049 | 325,844 | 303,785 | 340,039 | 357,393 |
| Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali | 383,531 | 420,287 | 523,176 | 507,871 | 591,506 | 623,969 |
| Iintlawulo zee-asethi ii-*capital assets* | | | | | | |
| **ITotali** | **6,188,314** | **6,597,359** | **7,019,983** | **7,546,917** | **8,007,026** | **8,365,152** |

| BT 203 | INqanaba leSikolo esiyiSekondari – Imiba ephambili | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | **2012/13 Eyiyo kanye** | **2013/14 Eyiyo kanye** | **2014/15 Eqikelelwayo** | **2015/16 Eqikelelwayo** | **2016/17 Eqikelelwayo** | **2017/18 Eqikelelwayo** |
| **Iintlawulo ngocazululo lwezoqoqosho (R'000)** | | | | | | |
| Intlawulo yangokunje | 3,686,495 | 4,097,015 | 4,432,185 | 4,648,484 | 4,975,386 | 5,283,043 |
| Imbuyiselo yabaqeshwa | 3,472,168 | 3,708,425 | 4,148,478 | 4,437,774 | 4,719,475 | 5,029,428 |
| - Ootitshala | 3,124,951 | 3,337,582 | 3,733,630 | 3,993,996 | 4,247,527 | 4,526,485 |
| - Abangezotitshala | 347,217 | 370,843 | 414,848 | 443,778 | 471,948 | 502,943 |
| Iimpahla neenkonzo nokunye (*current*) | 214,327 | 388,590 | 283,707 | 210,710 | 255,911 | 253,615 |
| Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali | 227,819 | 303,421 | 238,145 | 250,018 | 286,673 | 301,207 |
| Iintlawulo zee-asethi ii-*capital assets* | 650 | 261 | | | | |
| **ITotali** | **3,914,964** | **4,400,697** | **4,670,330** | **4,898,502** | **5,262,059** | **5,584,250** |

**Imiba eqaphelekayo kumanani abasebenzi abaphambili**

| IProgram 2 | 2011/12 Eyiyo kanye | 2012/13 Eyiyo kanye | 2013/14 Eyiyo kanye | 2014/15 Eqikelel-wayo | 2015/16 Eqikelel-wayo | 2016/17 Eqikelel-wayo | 2017/18 Eqikelel-wayo | 2018/19 Eqikelel-wayo |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Ootitshala | 28 842 | 28 636 | 28 318 | 28 900 | 29 091 | 29 091 | 29 091 | 29 091 |
| Abangezo-titshala | 6 470 | 6 556 | 6 122 | 6 261 | 6 261 | 6 261 | 6 261 | 6 261 |
| ITotali | 35 312 | 35 192 | 34 440 | 35 151 | 35 352 | 35 352 | 35 352 | 35 352 |

**Imiba ephambili ekwenzeni amagalelo (*inputs*) asisiseko.**

*Izixhobo zokuncedisa ukufunda nokufundisa (LTSM)*

ISebe leMfundo esiSiseko, kumgaqo-nkqubo walo osayilwayo nge-*LTSM* lichaze umjikelo weminyaka emihlanu ngokunxulumene nokubonelelwa ngokupheleleyo kwakhona ngeencwadi zezifundo (*complete replenishment of textbooks*). Ngenxa yesi sizathu, iincwadi zezifundo zokongezelela (*top-up textbooks*) ziye zathengwa kuzo zonke iincwadi zezifundo ekuye kwabonelelwa ngazo ukususela ngo-2011, ngethuba lonyaka-mali ka-2014/15.

Kunyaka-mali ka-2015/16 kwenziwe isibonelelo sokuqalisa ukutshintsha iincwadi zezifundo ezinikwe amaBakala 10 ngo-2012. Lo mjikelo uya kuqala kwakhona ngamaBakala 1-3, ukubuyisela iincwadi zezifundo qho ngonyaka, lo gama istokhwe seencwadi zezifundo ezingekafuni kutshintshwa kuya kubonelelwa ngazo kwakhona.

*Ifanitshala*

Kubonelelwa ngebhajethi qho ngonyaka yefanitshala kwizikolo ezikhoyo nakwizikolo ezitsha ngokunjalo. Izithili zibeka phambili ngokokubaluleka izicelo zezikolo zefanitshala, eziye zi-odolwe zize ziziswe qho ngonyaka. Kungena izicelo ezivela kwiZithili nakwamanye amaCandelo ze-*ICT* kunye nezezinye izinto zokusebenza. Ezi zinto zifumana ingqwalaselo yokuba zithengwe zize ziziswe ezikolweni qho ngonyaka.

*i-e-Learning*

I-*WCED e-vision* ifumana uncedo kakhulu kwiphulo i-*Western Cape Broadband initiative* (***WAN***) neseliqhubeka. Izigaba zokuqala zoku ziya kubona amaziko/izikolo/ii-ofisi zeSebe leMfundo leNtshona Koloni njengabaxhamli be-*e-Teaching*, *e-Learning* kunye ne-*e-Administration*. Okukhapha oku licandelo eliyinxalenye esisiseko yokuqinisekisa ukuba bonke bangafikelela kwi-*Local Area Network* (***LAN***).

WCED's "Umbono we*WCED* i-"*Vision for e-Education*", xa kushwankathelwa ubandakanya iinkalo ezintandathu:

- Iphulo i-*Local Area Network* (*LAN*) *Project* yiprojekthi enkulu yeSebe leMfundo leNtshona Koloni. I-*LAN Project* iya kubonelela amaziko ezikolo nge-*wireless distributed network for internet and inter-connectivity* ngaphakathi esikolweni. Oku kwenza ukuba ukufikelela kwi-*Wide Area Network* kube nokuqaliswa kwizikolo ze-*WCED*.
- I-*Computer Applications Technology, Information Technology and Engineering, Graphic and Design (CAT/IT/EGD) computer Refresh Project* yiprogram yeeprojekthi zeSebe leMfundo leNtshona Koloni. Le Projekthi ibonelela ngethekhinoloji efumanekayo nefanelekileyo ezikolweni ezifundisa izifundo eziphambili ezinxulumene nethekhinoloji ye-*CAT/IT* kunye ne-*EGD*.

- Iphulo i-*Edulab computer Refresh Project* libonelela ngethekhinoloji efumanekayo nefanelekileyo kwizikolo ezibonelela ngokufikelela ngqo kwithekhinoloji kwabafundi kwimeko efanele iidesika zokusebenzela ze-*ICT*. Iidesika zokusebenzela zekhompyutha/iilebhu zisetyenziswa ngokuqhelekileyo ekusetyenzisweni kwee-*educational digital resources* ezijonge ekuphononongweni kwekharityhulam, ukudityaniswa kwekhontenti ye-*multi-media* nomsebenzi wokubethelela okufundwayo.
- Iphulo i-*Smart Classroom Project* libonelela ngethekhinoloji efumanekayo nefanelekileyo ye-*e-Teaching*. Ithekhinoloji ngokuqhelekileyo ibandakanya i-*teacher computing device*, i-*teacher projection device*, i-*teacher interactive device* kunye ne-*visualizer device* (ekwaziwa kwakhona njenge-*document camera*). Le thekhinoloji ubukhulu becala ayinazintambo zoqhagamshelwano kwaye isisixhobo esiphatheka lula nonokusipakisha uhambe naso (*pack-up-and-go mobility*).
- Iphulo i-*e-Resources Catalogue Project* yi-*online digital content* yeSebe leMfundo leNtshona Koloni. Iphulo i-*e-Catalogue Project* ifuna ukubonelela ngezinto zokufunda nokufundisa ezingoomatshini kootitshala, abafundi nabazali. I-*online application*/ *catalogue* ibonelela umsebenzisi ngengcaciso emalunga nokuba ukungazifumana phi izinto zokusebenza ezingqamene nesifundo okanye ibakala.
- Iphulo i-*Learning Management System* (*LMS*) *Project*, elibandakanya izinto ezingoovimba abangoomatshini (*digital resources repository*), lifuna ukubonelela ootitshala, abafundi kunye nabazali ngezinto zokufunda nokufundisa. Ezi zinto zokusebenza zifumaneka ngaphakathi kuvimba ngokukotshelwa okwenziwayo kusuka ngqo ngaphakathi kwi-*web-space*.

**Ulawulo lwenkcitho eyilahleko (*Risk management*)**

| Izinto ezingayingxaki | Izinto ezingasisisombululo |
|---|---|
| 1. Izicwangciso zobuchule ze*WCED* azigqibelelanga | Qinisekisa ngophando olubalaseleyo lweemeko ezinegalelo kunye neyona mimiselo inempumelelo kakhulu ekusombululeni zona. |
| 2. Izicwangciso zobuchule namacebo e*WCED* ahlangabezana nenkcaso ezikolweni nakwimibutho yabasebenzi | Bandakanya abathathi-nxaxheba kunye nabanebango (*roleplayers and stakeholders*) ekuphuhlisweni okanye ekuqinisekisweni kwemizekelo nezicwangciso kwanasekunikeni inkxaso yeshedyuli yokuqaliswa kwenkqubo. |
| 3. Iithagethi azifikeleleki ngolona hlobo yaye iingxaki ekufuneka zisonjululwe zinzima kakhulu. | Qinisekisa ukuba izinto zokusebenza ezifumaneka e*WCED* zisasazwa kakhulu, o.k.t. izicwangciso, amandla oluntu nezibonelelo zezakhiwo zonke zigxininisa kwiinkalo zezona mfuno zinkulu kakhulu yaye zithathela ingqalelo yokuba iinkqubo zongenelelo ngoncedo kufuneka ziqhubekele kumaziko zize zisingathe iimfuno ezingqalileyo zesikolo ngasinye kunye noluntu lwaso. Ubulingane (*partnership*) buya kusetyenziswa kakhulu ngokunxulumene noku – kusenziwa oko ngokukodwa nabazali, oomasipala kunye namanye amasebe karhulumente. |
| 4. Ugxininiso kwizinto ezenzeka emva kweeyure zesikolo kuyakuphazamisa ukugxila ekufundeni nasekufundiseni. | Qinisekisa ukuba imiba ephambili engokukhethwa ngokufanelekileyo kwezifundo, ukulawulwa ngokusemgangathweni kwezikolo, ukulawulwa kwekharityhulam yesikolo, ukugxininisa kumfundi ngamnye, ukufikelela kwizifundo ezicacisisiweyo kwesi sicwangciso ziyaqaqanjiswa lo gama kukho iprogram ecace gca yokuhlangula ulutsha olusengozini kwanokubabonelela ngokhetho lwezifundo olungaphezulu. |
| 5. Iprogram ye-*e-vision* iyinto engafikelelekiyo kakhulu ukuba isetyenziswe ngokukuko | Cwangcisa inkqubo yokuqalisa ngobunono ukuqinisekisa ukuba bonke abathathi-nxaxheba banako ukusebenzisa kakhulu ithuba elo ngaphandle kweziphumo ezingezihle zeprogram yokufunda nokufundisa kwakunye nokutyala imali kwithekhinoloji ixhotyiswe kangangoko ukwenzela ukuba oko kwenziwayo kunoqoqosho yaye iilahleko okanye ukuphelelwa lixesha kwesiveliso (*product obsolescence*) kuyancitshiswa. |

**IProgram 3:**

**INjongo**[3]

Ukuxhasa izikolo ezizimeleyo ngokweMithetho yeZikolo yaseMzantsi Afrika.

Iimali kule program zibandakanya iintlawulo ngeebhanki eziya kwizikolo ezizimeleyo ngokweMimiselo neMigangatho yokuXhasa iZikolo ngeMali yona eya kuxhasa ubonelelo lweempahla neenkonzo ezifunekayo zemfundo kwezo zikolo.

| | *Iimpahla, iinkonzo neentlawulo ezibandakanyiweyo nezingabandakanywanga* |
|---|---|
| *3.1. INqanaba leZikolo eziziiPrayimari* | |
| Ukuxhasa izikolo ezizimeleyo kwinqanaba lamaBakala 1 – 7. | *Libandakanya* iprogram 3 yokuxhasa ngemali yamaBakala 1 – 7. Kwimeko yezikolo ezidibeneyo ezizimeleyo (*combined independent schools*), isahlulo solwabiwo-mali mazingqinelane nebakala/isigaba esichaphazelekayo. |
| *3.2. INqanaba leZikolo eziZiisekondari* | |
| Ukuxhasa izikolo ezizimeleyo kwinqanaba lamaBakala 8 – 12. | *Libandakanya* iprogram 3 yokuxhasa abafundi bamaBakala 8 – 12. Kwimeko yezikolo ezidibeneyo ezizimeleyo (*combined independent schools*), isahlulo solwabiwo-mali mazingqinelane nebakala/isigaba esichaphazelekayo. |

**Injongo ecwangciswe ngobuchule**

| **INjongo eCwangciswe ngoBuchule 3** | **Ukunika inkxaso ezikolweni ezizimeleyo ngokwemithetho echaphazelekayo ukuqinisekisa imfundo esemgangathweni yabafundi kwezi zikolo** |
|---|---|
| Inkcazo yenjongo | 1. Qinisekisa, ngokusebenzisa inkxaso ethe rhoqo nokubekwa esweni kwezikolo ezizimeleyo, ukuba bonke abafundi bafumana imfundo ngokungqinelana neNkcazelo yeKharityhulam kaZwelonke.<br>2. Zonke izikolo ezizimeleyo zibhalisiwe yaye ziyazeneza iimfuneko ezingumqathango zomthetho ochaphazelekayo.<br>3. Bonelela ngeenkxaso-mali kwizikolo ezibonelela ngenkonzo kubafundi abahlwempuzekileyo. |
| Uhlolo olwandlalelayo | I-*WCED* liqalise inkqubo yotyelelo lokunika inkxaso qho ngonyaka kwizikolo ezizimeleyo laza lamisela imigaqo-nkqubo ebalulekileyo nedibeneyo. Ubukho bezikolo ezizimeleyo ezingabhaliswanga kusisoyikiso ekufundisweni kwemfundo esemgangathweni. I-*WCED* iya kuqinisekisa ukuba ukubeka iinkqubo zokubeka esweni ziyaphucuka ukwenzela ukunika inkxaso, ngokukodwa, izikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngemali. |

**Ukuthathelwa ingqalelo kwezibonelelo**

IProgram 3 ine-1% yetotali yebhajethi eyabelwe yona.




[3] Qaphela ukuba ingcaciso ekweli khasi ithathwa kwiStraktsha seBhajethi evunyiweyo

Imiba yenkcitho kwibhajethi yeprogram

| Icandelo lemfundo lephondo – Imiba ephambili | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | **2012/13** | **2013/14** | **2014/15** | **2015/16** | **2016/17** | **2017/18** |
| | **Eyiyo kanye** | **Eyiyo kanye** | **Eqikelel-wayo** | **Eqikelel-wayo** | **Eqikelel-wayo** | **Eqikelel-wayo** |
| **Iintlawulo ngeprogram nganye (R'000)** | | | | | | |
| **1. Ezolawulo** | **992,428** | **1,032,806** | **1,222,754** | **1,410,236** | **1,414,510** | **1,505,085** |
| 2. Imfundo yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo | 10,445,476 | 11,359,028 | 12,083,075 | 12,854,456 | 13,711,569 | 14,416,766 |
| 3. Iinkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo | 72,697 | 84,648 | 90,326 | 95,384 | 99,544 | 104,521 |
| 4. Imfundo yesikolo sikarhulumente semfundo eneemfuno ezizodwa | 820,101 | 910,338 | 1,045,531 | 1,059,085 | 1,115,143 | 1,182,555 |
| 5. UPhuhliso lweMfundo yaBasaqalayo | 383,894 | 465,535 | 515,449 | 619,191 | 649,810 | 683,278 |
| 6. Uphuhliso lweziseko | 750,672 | 1,054,312 | 1,397,772 | 1,427,227 | 1,281,939 | 1,288,320 |
| 7. Uviwo neenkonzo ezinxulumene nezemfundo | 188,399 | 204,553 | 253,717 | 279,349 | 290,211 | 262,406 |
| | **13,653,667** | **15,111,220** | **16,608,624** | **17,744,928** | **18,562,726** | **19,442,931** |

Indlela ibhajethi eyahlulwe ngayo:

| BT301 | IiNkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo – Imiba ephambili | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | **2012/13 Eyiyo kanye** | **2013/14 Eyiyo kanye** | **2014/15 Eqikelelwayo** | **2015/16 Eqikelelwayo** | **2016/17 Eqikelelwayo** | **2017/18 Eqikelelwayo** |
| **Iintlawulo ngeprogram esekelayo (R'000)*** | | | | | | |
| 3.1 Izikolo ezikwinqanaba leeprayimari | 33,618 | 47,329 | 49,853 | 52,564 | 55,264 | 58,027 |
| 3.2 Izikolo ezikwinqanaba leesekondari | 39,079 | 37,319 | 40,473 | 42,820 | 44,280 | 46,494 |
| **ITotali** | **72,697** | **84,648** | **90,326** | **95,384** | **99,544** | **104,521** |
| **Iintlawulo ngokokucazululwa kwezoqoqosho (R'000)*** | | | | | | |
| Intlawulo yangoku | | | | | | |
| Imbuyiselo kubaqeshwa | | | | | | |
| Iimpahla neenkonzo nokunye (*current*) | | | | | | |
| Iintlawulo ngoomatshini neenkxaso-mali | 72,697 | 84,648 | 90,326 | 95,384 | 99,544 | 104,521 |
| Iintlawulo ezizii-*capital assets* | | | | | | |
| **ITotali** | **72,697** | **84,648** | **90,326** | **95,384** | **99,544** | **104,521** |

### Izibonelelo zoncedo

I-*WCED* ibonelela ngeentlawulo ngoomatshini kwizikolo ezizimeleyo ezifumana inkxaso-mali ize ibonelele zonke izikolo ezizimeleyo ngamathuba okuthatha inxaxheba kwiimvavanyo zenkqubo ye-*WCED* kwanokuhamba oomasifundisane kunye noqeqesho.

### Ulawulo lwenkcitho eyilahleko (*Risk management)*

| Izinto ezingayingxaki | Izinto ezingasisisombululo |
|---|---|
| Izikolo ziyasilela ukuphumeza imiqathango yokusemgangathweni efunekayo. | Qinisekisa ukuba kumiselwa amanyathelo okubeka esweni inkqubo |

**IProgram 4:**

**INjongo[4]**

Ukubonelela ngemfundo enyanzelekileyo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa ngokoMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika ne-*White Paper* 6 engemfundo ebandakanya bonke abafundi (*inclusive education*). Kubandakanywa i-*e-learning* kunye nemfundo ebandakanya bonke abafundi.

Iimali kule program zibandakanya *inkxaso yemali* yazo zonke iimpahla neenkonzo ezixhaswa ngemali ngurhulumente ezijongene nokubonelelwa kwemfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa zamaBakala R – 12. Kubandakanywe apha zombini iimpahla neenkonzo ezithengwe lisebe lemfundo, kwanezo zithengwe zizikolo zisebenzisa iintlawulo ngoomatshini ezivela kurhulumente. Ezi mali *azibandakanyi* zimpahla neenkonzo ezenziwa kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, kodwa zijoliswe kakhulu ekusetyenzisweni zizikolo eziqhelekileyo kumaziko okunika uncedo (*resource centre basis*). Ezi zinto zibandakanyiwe phantsi kweeprogram ezisekelayo 2.1 no-2.2.

| | |
|---|---|
| *4.1. Izikolo* | |
| Ukubonelela izikolo ezithile zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa ngezinto zokunceda. (kubandakanywa imisebenzi ye-*e-learning* kunye nemfundo ebandakanya bonke abafundi) | *Ibandakanya* zonke iiprogram zeempahla neenkonzo 4 ezisetyenziswa ezikolweni ubuqu, okanye iimpahla, iinkonzo okanye iintlawulo ezabelwe izikolo ezithile, umz. ootitshala abaqeshwe nge-*post provisioning model* zaza zanxulumaniswa namaziko, okanye iimali ezabelwe izikolo ezithile, apho ezi zibonelelo zoncedo zisetyenziselwa imfundo kwizigaba zamaBakala R – 12. (Akukho kwahlulwa phakathi kwezigaba eziziiprayimari neziziisekondari, yaye iBakala R libandakanyiwe). |
| *4.2. UPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi* | |
| Ukubonelela ngeenkonzo zesebe kootitshala nakwabangezotitshala kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa (kuqukwa imfundo ebandakanya bonke abafundi). | *Ibandakanya* iimpahla neenkonzo zeprogram 4 ezifunekayo zoqeqesho lwabasenkonzweni abangabasebenzi abaqeshwe ezikolweni, kubandakanywa neenkonzo zabaqeqeshi bootitshala, kwakunye nemfundo oyenza ngembalelwano kusetyenziswa iibhasari ezinikwa ootitshala. *Ayibandakanyi* i-*HRD* ekubonelelwe ngayo sisikolo ubuqu sisebenzisa iprogram esekelayo yezibonelelo 4.1. |
| *4.3. Ezemidlalo zesikolo, inkcubeko neenkonzo zemidiya* | |
| Ukubonelela ngemisebenzi yezemidlalo, ezenkcubeko nokufunda ezilawulwa lisebe lemfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa (kubandakanywa imfundo ebandakanya bonke abafundi). | *Ibandakanya* zonke iimpahla neenkonzo zeprogram 4 ezisetyenziswa lisebe lemfundo ukubonelela ngezemidlalo, amatheko ezenkcubeko kunye neenkonzo zokufunda ezikolweni ukongezelela kuloo misebenzi eyenziwa sisikolo ubuqu. Okungabandakanywayo: zezemidlalo, amatheko ezenkcubeko neenkonzo zokufunda ekubonelelwa ngazo sisikolo ubuqu sisebenzisa iprogram esekelayo izibonelelo zoncedo zeprogram esekelayo 4.1 |
| *4.4. IiGranti eZikhutshwa phantsi kweMiqathango* | |
| Ukubonelela ngeeprojekthi phantsi kweprogram 4 ekunikwe ingcaciso ngayo liSebe leMfundo esiSiseko yaza yaxhaswa ngemali ziigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango. | |

[4] Qaphela ukuba yonke ingcaciso ekweli khasi ithathwe kwiStraktsha seBhajethi esivunyiweyo

## INjongo eCwangciswe ngoBuchule

| | |
|---|---|
| INjongo eCwangciswe ngoBuchule 4 | **Ukwandisa ngamandla uthatho-nxaxheba ngempumelelo kwizifundo nakwezentlalo kwabo bonke abafundi kumoya olawulayo nakwikharityhulam yamaziko emfundo nasekunciphiseni izithintelo ekufundeni (*Education White Paper* 6)** |
| INkcazo yeNjongo | 1. Ukuqinisekisa ukuba abafundi bafikelela kwikharityhulam baze bapase kakhulu kulwimi nemathematika;<br>2. Ukuqinisekisa ukuba abafundi abafumana izithintelo kwimfundo okanye abaneemfuno zemfundo ezizodwa bafumana ikharityhulam eyahlukanisiweyo kwaye benza ngelona nqanaba likwinqanaba eliphezulu kangangoko banako;<br>3. Ukwenza inkqubo edibeneyo yokubandakanya bonke abafundi kwimfundo esekelwe kwisixhobo sokuSkrina, ukuQaphela, ukuVavanya nokuNika iNkxaso (*Screening*, *Identification, Assessment and Support* (*SIAS*) *tool*) ukwenzela ukuba abafundi bafumane inqanaba elifanelekileyo nohlobo lwenkxaso kuzo zonke izikolo eziqhelekileyo, ezibonelela ngenkonzo epheleleyo nezemfundo eneemfuno ezizodwa;<br>4. Ukwandisa ukugcinwa kwabafundi behamba isikolo de bayokugqiba ngokunika abafundi inkxaso ngokusebenzisa iinkonzo zokunika inkxaso zemfundo eneemfuno ezizodwa ngokusebenzisa iikomiti nezitraktsha ezikhoyo, ekubandakanywa phakathi kwazo, iikomiti zezikolo/zamaziko zokunika inkxaso, iikomiti zokunika inkxaso zeesekethe, izitraktsha zokunika inkxaso kwizithili; izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, amaziko ezibonelelo zokufunda nokufundisa ezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa; izikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo/izikolo ezibandanya bonke abafundi kwimfundo.<br>5. Ukubonelela ngeenkonzo zokunika inkxaso kwimfundo eneemfuno ezizodwa – ukunika inkxaso kwimfundo eneemfuno ezizodwa, inkxaso yokufunda, iinkonzo zesayikholoji, iinkonzo zoonontlalontle zeziko, iinkonzo zonyango nokuphilisa (*medical and therapeutic services*).<br>Ukuqhagamshelana namanye amasebe karhulumente kunye namacandelo ukuthintela nokuqaphela kwangethuba izithintelo kwimfundo kunye nenkxaso kubafundi abafumana izithintelo kwimfundo okanye abaneemfuno zemfundo ezizodwa. |
| Inkqubo yokusebenza eyandlalelayo (*baseline*) | Zonke ezi nkalo zingentla nezitraktsha zisekwizigaba ezisezantsi zokwenziwa nanjengokuba kunjalo nakwisicwangciso somsebenzi esineengongoma ezilishumi (*ten point plan of action*). Ungenelelo ngoncedo neeprogram zokunika inkxaso ziya kuyondelelaniswa zomelezwe kwithuba leminyaka emihlanu ezayo. |

## Ukuthathelwa ingqalelo kwezibonelelo

IProgram 4 ine-6% yetotali yebhajethi eyabelwe yona.



Imiba yezenkcitho kwibhajethi yeprogram

| Icandelo lezemfundo lephondo – Imiba ephambili | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2012/13 | 2013/14 | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 |
| | Eyiyo kanye | Eyiyo kanye | Eqikelel-wayo | Eqikelel-wayo | Eqikelel-wayo | Eqikelel-wayo |
| **Iintlawulo ngokweprogram (R'000)** | | | | | | |
| **1. Ezolawulo** | **992,428** | **1,032,806** | **1,222,754** | **1,410,236** | **1,414,510** | **1,505,085** |
| 2. Imfundo yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo | 10,445,476 | 11,359,028 | 12,083,075 | 12,854,456 | 13,711,569 | 14,416,766 |
| 3. Iinkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo | 72,697 | 84,648 | 90,326 | 95,384 | 99,544 | 104,521 |
| 4. Imfundo yezikolo zikarhulumente eneemfuno ezizodwa | 820,101 | 910,338 | 1,045,531 | 1,059,085 | 1,115,143 | 1,182,555 |
| 5. UPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo | 383,894 | 465,535 | 515,449 | 619,191 | 649,810 | 683,278 |
| 6. Uphuhliso lweziseko | 750,672 | 1,054,312 | 1,397,772 | 1,427,227 | 1,281,939 | 1,288,320 |
| 7. Iimviwo neenkonzo ezinxulumene neemviwo | 188,399 | 204,553 | 253,717 | 279,349 | 290,211 | 262,406 |
| | **13,653,667** | **15,111,220** | **16,608,624** | **17,744,928** | **18,562,726** | **19,442,931** |

Indlela eyahlulwe ngayo ibhajethi:

| **BT 401** | **Imfundo yezikolo zikarhulumente eneemfuno ezizodwa - Imiba ephambili** | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | **2012/13 Eyiyo kanye** | **2013/14 Eyiyo kanye** | **2014/15 Eqikelel-wayo** | **2015/16 Eqikelel-wayo** | **2016/17 Eqikelel-wayo** | **2017/18 Eqikelel-wayo** |
| **Iintlawulo ngeprogram esekelayo (R'000)** | | | | | | |
| 4.1 Izikolo | 820,101 | 910,287 | 995,135 | 1,043,232 | 1,115,142 | 1,182,554 |
| 4.2 Uphuhliso lwezabasebenzi | | 51 | 1 | 1 | 1 | 1 |
